




URhulumente
weNtshona Koloni

EzoLimo

UBAMBISWANO NGAMANDLA.



Ingxelo Yonyaka 2011/12
Isebe Lezolimo

Iziqulathiso:

Icandelo 1
Ingxelo Jikelele

3

Icandelo 2
Ingxelo Efanelekileyo ngokwenkqubo

19

Icandelo 3
Izitethimenti zonyaka zemali

93

Icandelo 4
Ukuphathwa kwabantu

173

Icandelo 5
Izishunqulelo

207



**Western Cape
Government**

Agriculture

BETTER TOGETHER.

Mnu. HG Van Rensburg

UMphathiswa weSebe lezoLimo noPhuhliso lwaMaphande

Kuluvuyo kum ukungenisa lo Mbiko Wonyaka weSebe lezoLimo leNtshona Koloni wesithuba somhla woku-1 kuTshazimpuzi ka-2012 ngokwemiqathango yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente ka-1999.

Nkszn JS Isaacs
IGosa eliNika iNgxelo

31 August 2012


ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Icandelo 1:

Ingxelo Jikelele

UBUME NGOKWEZIKHUNDLA



ICANDELO 1: INGXELO JIKELELE

1.1 Umbono

Umanyano, ukukwazi ukuphendula nokuphumelela kwesicuku sezolimo sihambelana nendalo

1.2 Umgomo

Ukuvulela amathuba ezolimo ukuqinisekisa ukuphucuka kwezozoqoqosho, ezendalo nentlalontle yabo bonke abantu baEntshona Koloni:

- Ngokukhuthaza intsebenziswano nabathatha inxaxheba
- Ukukhuthaza ukusetyenziswa kwemveliso efikelekayo, enesondlo, ukutya okukhuselekileyo nokufikelekayo, imveliso ezinezakhamzimba nezolimo
- Ukuqinisekisa ulawulo oluzinzileyo lwezixhobo zokusebenza zendalo
- Ukuqhuba uphando ouhambela phambili noluhambelana nophuhliso lweteknoloji
- Ukuphuhlisa, ukugcina nokutsala izakhono nabantu abaxhotyiselwe ukusebenza
- Ukunikezela ngenkonzo esemgangathweni ukuxhasa inkonzo eyongezelelweyo
- Ukuphucula iindlela zokufikelela emakhethi kwenkonzo yesicuku solimo
- Ukufaka isandla ekulweni nentlupheko nendlala
- Ukuqinisekisa urhulumente oneenkqubo ezicacileyo ukuze ulawulo luqhube kakuhle.

1.3 Imiqathango

- Ukunyaniseka
- Ukuchaza ngokwenziwayo
- Inkonzo ekumgangatho ophezulu
- Ulawulo olululo
- Ukuzinikela emsebenzini.

1.4 Ubume ngokwezikhundla

Jonga kwiphepha lokuqala lalengxelo.

1.5 Isindululo zowisomthetho

1.5.1 Isindululo esongameleyo

AUmthetho Wemfundo noQEqqesho Lwabadala (Umthetho wama-52 ka2000)

Itshata yeNguqu kwiAgri-BEE (Phantsi Komthetho wama-53 ka2003)

Umthetho wemigangathoyemveliso zolimo (Umthetho we-119 ka1990)

Umthetho Wezifo Zezilwanyana (Umthetho wama-35 ka1984)

Umthetho Wokwahlulwa Kwezilwanyana (Umthetho wesi-6 ka2002)

Umthetho Weemeko Zengesho (Umthetho wama-75 ka1997)

Umthetho Wokuxhotyiswa Ngezozoqoqosho Koninzi Lwabantu Abamnyama (Umthetho wama-53 ka2003)

ICodex Alimentarius Yombutho Wezempilo Kwihlabathi (Ikhawudi Yokukhuseleka Kokutya

INGXELO JIKELELE

Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

kwiHlabathi)

Umthetho Wokulondolozwa Kwezixhobo Zokusebenza Kwezolimo (Umthetho wama-43 ka1983)

Umgaqosiseko weNtshona Koloni (Umthetho woku-1 ka1998)

Umthetho Wemfundo Nengqesho (Umthetho wama-76 ka1998)

Umthetho wezichumiso, Ukutya kwezilwanyana, Amayeza Ezolimo Namayeza Emfuyo (Umthetho wama-36 ka1947)

Umthetho Wemfundo noqeqesho (Umthetho wama-98 ka1998)

Umthetho Wokuqinisekisa Umgangatho Kwimfundo Yamabanga Aphezulu (Umthetho wama-58 ka2001)

Umthetho Wamaziko Emfundo Enomsila (Umthetho we-101 ka1997)

Icebo Lentlanganisela Yokuqinisekisa Ukutya eMzantsi Afrika 2002

Ikhawudi Yeenkqubo Zokuxilonga Izifo Nempilo Yezilwanyana KwiHlabathi

Ikhawudi Yombutho Wonaniselwano KwiHlabathi Ngokuphila Engondweni Nasemoyeni Kwezilwanyana

Umthetho Wokuthengisa nokwazisa Ngemveliso Zolimo (Umthetho wama-47 ka1996)

Umthetho Wokhuseleko Lwenyama (Umthetho wama-40 ka2000)

Umthetho Olawula Amayeza (Umthetho we-101 ka1965)

UmgaqoSieko waseMzantsi Afrika (Umthetho we-108 ka1996)

Umthetho Kazwelonke Olawulo Lwentlekele (Umthetho wama-57 ka2002)

Umthetho Womgankqubo Wemfundo Kuzwelonke (Umthetho wama-27 ka1996)

Umthetho Wolawulo Lwezokusingqongileyo kZwelonke (NEMA) (Umthetho we-107 ka1998)

Umthetho Wamanzi Kuzwelonke (Umthetho wama-36 ka1998)

Umthetho Wolwahlulahlulo Lomhlaba Wokulima (Umthetho wama-70 ka1970)

Umthetho Weziqinisekiso zaseMzantsi Afrika (Umthetho wama-58 ka1995)

Ikhawudi Yempilo Yezilwanyana Zasemhlabeni Kumbutho Wzempilo Kuzwekonke (OIE – Office International des Epizooties)

Umthetho Woqeqesho Ngempilo Yezilwanyana nenxenye yoqeqesho lwezilwanyana (Umthetho we-19 ka1982)

1.5.2 Uwisomthetho olumiselwe izinto ezingeyomigudu yabucala

Alindlela Yegosa Locwaningomali

Umthetho Wolawulo Nezomthetho (Umthetho we-3 ka2000)

Umthetho Wamashishii (Umthetho wama 71 ka 2008)

Umthetho Wembuyekezo Ngengozi Zasemsebenzini Nezifo (Umthetho we-130 ka1993)

Umthetho Wookopolotyeni (Umthetho we-14 ka2005)

Umthetho Wokwahlulo Yenzuzo Yerhafu (Qho ngonyaka)

Umthetho Wolingana Kwingqesho (Umthetho wama-55 ka1998)

Umthetho Wokwandiswa Kwexesha Lokhuseleko (Umthetho wama-62 ka1997)

Umthetho Womhlalaphantsi Wabasenzi bakarhulumente (1996)

Umthetho Olawula Impahla kaRhulumente engashukumiyiyo (Umthetho we-19 ka2007)

Umthetho Werhafu (1962 – umgangatho we-4)

Umthetho Wobudlelane Ngezabasebzi (Umthetho wama-66 ka1995)

Umgaqo-nkubo Wokubuyekwezwa Komhlaba Nokuphuculwa Kwezolimo

Umthetho Wokubuyiswa Komhlaba (Umthetho we-3 ka1997)

Ummiselo Wesicwangciso Sokusetyenziswa komhlaba (Ummiselo we-15 ka1985)

Umthetho Ngamanqaku Emveliso (Umthetho we-17 ka1941)

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Umthetho Weendawo Zokugcina Ilifa Lemveli (Umthetho wama-43 ka1996)
Umthetho Wezempilo Nokhuseleko (Umthetho wam-85 ka1993)
Umthetho Osisiseko Somgaqo-nkqubo Wokukhetha xa Kunikezelwa Ngomsebenzi (Umthetho we-5 ka2000)
Umthetho Wokukhuthaza Ukufikelela Kulwazi (Umthetho we-2 ka2000)
Umthetho Wolawulo Lwemali Yoluntu (Umthetho wo-1 ka1999 wacityiyelwa ngoMthetho wama-29 ka1999)
Umthetho Weeholide Ziwonkewonke (Umthetho we-6 ka1994)
Umthetho Wenkonzo Yoluntu (Umthetho we-103 ka1994)
Umthetho Wekomishoni ngeNkonzo Yoluntu ka1997 (Umthetho wama-46 ka1977)
Umthetho Wophuhliso Lwezakhono (Umthetho wama-97 ka1998)
Umthetho Wemali-mbuyekezo Ngokuphuliswa Kwezakhono (Umthetho we-9 ka1999)
Umthetho Wokwazisa Imveliso (Umthetho we-194 ka1993)
Umthetho Wokusebenza Ngezorhwebo (Umthetho wama-76 ka1976)
Umthetho Wenkunkuma wama-59 ka2008
Umthetho Weenkonz Zamanzi (Umthetho we-108 ka1997)
Umthetho Wokungqamanisa eNtshona Koloni (Ngonyaka)
Umthetho Wokuxhuzulwa Kwemali eNtshona Koloni (Umthetho we-6 ka 2000)
Umthetho Wezemali eNtshona Koloni (Ngonyaka)

1.5.3 Umthetho oyilwayo othiwe theca epalamente ngo Umthetho oyilwayo othiwe theca epalamente ngo 2011/12

Akukho mqulu wangeniswayo.

1.6 Imigudu EbikaKwikomiti Yesigqeba

Casidra (Proprietary) Limited

Ukuba nezabelo kwiCasidra (Pty) Ltd kusemagunyeni kaRhulumente wePhondo eNtshona Koloni ize yonganyelwe nguMphathiswa weZolimo noPhuhliso Lweendawo zasemaphandleni.

ICasidra (Pty) Ltd yinkampani yabucala ephantsi koMthetho weeNkampani ka1973, (Umthetho wama-61 ka1973) oneBhodi enye yabLawuli. Ubume benkampani ngokwezikhundla kume kanje, enguMlawuli Jikelele, unoxanduva leendlela zokusebenza, kunye neGosa Eliphezulu kweZemali onexandiva lwemali nolawula, zonke zibika kwiGosa lesiGeba Esiphezulu njengeGosa Elialwulayo.

ICasidra (Pty) Ltd yinkampani yeshedyule i3D (Umgudu Woshishino kuRhulumente wePhondo) phantsi koMthetho Wolawulo Lwemali Yoluntu (Umthetho wo-1 ka1999). BUye bahlalutywe obu bume kunye nolawulo olusebenzayo ngoku kunye nokusebenza kwemali.

Isindululo seli ziko sisaphandwa ukuqwalasela indima yalo kwikamva lePhondo.

Ngumgomo weCasidra (Pty) Ltd ukuphucula umgangatho wobomi ingakumbi icala labantu bethu abanemivuzo-esezantsi, uninzi lwabo lukwindawo zasemaphandleni eNtshona Koloni ngokusebenzisa inkqubo yophuhliso oluyintlanganisela nolujolise

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

ekuphuculeni umgangatho wabantu ngoko ke uncedisa ekumiseleni uluntu olukwazi-ukuzenzela lungaxhomekeki.

Ekuhlanganiseni imiba ephambili nomgaqo-nkqubo wkaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni, iinjongo zakhe eziphambili zezi zilandelayo:

- Ukulwa nendlala ngokukhulisa uqoqosho
- Ukuphuhlisa abantu ngoqeqesho nanagokuba xhobisa ngezakhono
- Ukungaxhomekeki ngezemali ngokulungisa ubume, kunye
- Nolawulo olululo kulawulo loshishino

1.7 Isitethimenti soMphathiswa

"Umzantsi Afrika ujongene nengxaki yokungabikho komsebenzi, izifundo ezisandakwenziwa zibonisa ukuba inani labantu abatsha abangaphangeliyo lime ku 70%. Le ngxaki ikwachaphazela Ezoqoqosho Entshona Koloni, esikakhulu ezolimo eNtshona Koloni. Kufuneka sifumane indlela yokudala amathuna emisebenzi .

Urhulumente waseNtshona Koloni uthathe inkolo yokuba uphuhliso loluntu liqhutywa kukukhula lwezoqeqesho. Ukukhula lwezoqeqesho lingunqontsontso ekudaleni kwamathuba omsebenzi. SinguRhulumente funeka sijongane nokwenza amashishini aphumelele.

Siqikelela ukwanda nge5% ukuthengiswa kwemveliso yezolimo kumazwe angaphandle yase Ntshona Koloni iguqulelwa ibengamathuba omsebenzi adaliweyo angama 23 000. Njenge Candelo Lwezolimo, lithini ixanduva lwethu?

Kulonyaka ophelileyo ukubaluleka kweenkonzo zempilo zezilwanyana ziphinde zaqatshelwa ngoqhashumbo Lomkhuhlane weAvian kushishino lwenciniba. Sidlala indima ebalulekileyo ekugcineni imigaqo siseko lemveliso ethengiswa kwamanye amazwe exhasa imisebenzi engama 20 000. Amagosa ethu aye enza intlawulo ekhawulezileyo nethe ngqo yezigidi ezingama R50 kuhlawulwa amafama enciniba abateh balahla inciniba zabo ngenxa yoqhushumbo.

Ukuze abavelisi bethu bahlale bekwazi ukukhuphisana nemarke zaphesheya. Kufuneka sikwazi ukuvelisa imveliso ezifunwa yimarke, kodwa kukwafuneka sivelise ngendlela encomeka kakhulu. Uphando lwethu nophuhliso lweteknoloji zihlala zibalulekile ukuxhaseni icandelo lwethu.

Ufikelelo kwimarke lusematheni, uphuhliso ulusanda kwenzeka liyasibonisa ngoba. UMzantsi Afrika uyingxenywe yeqela lemazwe Ebricks. Ukuthengiswa kweWine eAfrika nase China luyathembisa, hayi kubavelisi bethu ekudala bekhona kuphela namafama amatsha ngokunjalo. Epha ekhaya ukwazisa kwabathengisi bephesheya libonisa amathuba amahle kubavelisi bethu. Sizakuqhubeka sixhasa abavelisi bethu ukenzela sixhumanise imveliso nemarke; apha ekhaya naphesheya.

Ngo 2012 sizoba neNkomfa yezolimo eNtshona Koloni, apho wonke umntu onegalelo kwezolimo bazokwazi ukunika izimvo ekucwangciseni ikamva lezolimo eNtshona Koloni. Njenge Candelo siza kuliqhuba elitheko libalulekileyo, ngoba kubalulekile ukuba nemepu

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

yekamva.

Ikamva likwa lelabantu abasebatsha. Lu xanduva lwethu ukuqinisekisa baxhotyswe ngezakhono ezifunekayo nolwazi ukuze bakwazi ukujongana nokusombulula iingxaki abajongene nazo. Sizokuqhubeka sinikeza ngoqeqesho ulusemgangathweni kwezolimo, ngokwenza njalo sidlala indima yethu yokwehlisa inani elikhulu lwabantu abatsha abangaphangeliyo, ngokunikeza abantu abatsha abaqeqeshiweyo nezakhono zomsebenzi kwimisebenzi yezolimo.

Njengokuba sisiya kwixesha elizayo, indima edlalwa licandelo lethu kwindalo iza kubaluleka. Ezolimo zithatha ngaphezu kwama 60% amanzi amatsha acocekileyo asetyenziswayo kulo lonke eMzantsi Afrika, kwaye ukhuphiswano lwamanzi luyanda minyaka le. Ngoko ke ndinombulelo ngomsebenzi osele wenziwe kwimiba yokubuyiselwa kwamandla nozinziso lwezimbiwa.

“Luluvo lwam ukuba le ngxelo yonyaka ibonisa umsebenzi onzima owenziwe lisebe eliqaqambileyo, elinabasebenzi abazimiseleyo ngomsebenzi wabo abacinga ngekamva aawuthandayo umsebenzi wabo onxulumene nokuphila kwethu”.

1.8 Izimvo zeGosa Locwaningomali

Icandelo lezenciniba liye lajongana nobunzima obukhulu ngenxa yomkhuhlane weAvian. Oluqhashimbo lwenze kwama ngxi olushishino lwexabiso elingange R1.2 billion ngonyaka, eqasha abantu abangama 20 000 kumaphandle ase Ntshona Koloni. Icandelo leeNciniba liyela jongana nesibheni ekuthengisweni kumazwe angaphandle inyama yenciniba ngenxa yomkhuhlane weAvian ukusela nge Tshazimpuzi 2011, nelahleko engange zigidi ezingama R108 ngenyanga. Njengokuba umthetho wehlabathi unyanzelisa kuxhelwe xa ifama ithe yafumaniseka inegciwane, intake ezingapha kuma 40 000 ziye zabulawa kwingingqi yaseOudtshoorn ngexesha lokubhalwa kwengxelo. Ngenxa yobunzulu balento, uMphathiswa uyewaqala ingxoxo noMphathiswa kaZwelonke weCandelo lezolimo, ukuLoba, nezamaHlathi (DAFF) ne DAFF iyeyavuma kuhlawulwe amafama ngenxa yentaka ezibuleweyo kwisixa mali yezigidi ezingange R50 million.

Ukucutha inkqubo yokulahla, ikhabhinethi inikeze ngezigidi ezingama R17 million okwethutyana ukwenzela inkqubo iqhubeka, IDAFF iyeyahlawula ezomali. Izicwangciso zokubuyisela imeko esiqhelweni yenziwa ukukhusela olunye uqhushumbo olukhulu lomkhuhlane weAvian kwinciniba. Ngelishwa kuye kwabakho uqhushumbo oluncinane lomkhuhlane weAvian ngexesha lokubhalwa kwengxelo neziphumo zokuba izibheni sokuthengisa kumazwe angaphandle asinokususwa.

Unxibelelwano phakathi kweKhabhinethi yePhondo neZolimo lenzeke eWorcester ngomhla wama 18 eDwarha 2011. Olu nxibelelwano lunike abo badlala indima kwezolimo ithuba lothethathethwano noRhulumente wePhondo ngemiba enxulumene nezolimo. Kuye kwaphakanyiswa imiba imininzi ezofuna ingqwalaselo ngamaziko athile nabantu. Imiba engekho phantsi kwenjongo zeliSebe ithunyelwe kumaSebe afanelekileyo ayilande.

ISebe lalungiselela ukuthatha inxaxheba kwamashishini ezolimo aseNtshona Koloni kwimikhankaso emine yokuvula amathuba entengiso kumazwe ehlabathi. Ziquka iYantai International Wine Exhibition, iYantai networking event, 1st Tandy Wine Festival eAbuja

INGXELO JIKELELE

Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

ne Lagos eNigeria neFruit Logistica eGermany. Lemibhiyozo iyeyaneziqhamo ngokuthi kubekho amashishini amane aye athengisa kumazwe angaphandle kwezimarike kulonyaka. Ukubalulekileyo kule nkqubo yokuvula amathuba emarke ngumntu omnyama wesibini oyinxalenye yenkqubo othe wathengisa kumazwe angaphandle Kude eNtshona. Ngenxa yenkqubo kuyekwakho intengiso engapha kwezigidi ezingama R10 million kulonyaka. Uphando nzulu ngebhayogesi yeSebe lezoLimo eNtshona Koloni kunye nophando lefama liyelagqitywa.

UMphathiswa uye wakhokela iqela labantu abatyunjiweyo besiya eJinan nase Yantai ngeyoMsintsi 2011. Ulundwendwelo beliyinxalenye yeSamithi Yeenkokheli Zephondo isigqibo esithatyathwe kwiSamithi ebibanjwe eNtshona Koloni ngo2010. Ezona njongo zolundwendwelo ibikukuthabatha inxaxheba kwiYantai International Wine Festival. Amashishinini avelisa iwine angama 21 aseMzantsi Afrika athateh inxaxheba kwimibhiyozo yewine.

ISebe liye lenza uKhuphiswano lwamaKhosikazi anamaShishini ngo 2011 kwiPhondo. Abaphumeleleyo kwiphondo baye basiwa kukhuphiswano lika Zwelonke, umveliso wezityalo ezizikhulelayo kwiphondo, uNksz Jackie Goliath, uye wawongwa njenge Mvelisi Wokuthengisa Omkhulu kuzwelonke, elo liwonga elikhulu kakhulu.

Isiqalo sophuhliso loluntu liyaqhubeka, nabaxhamli bezinkqubo beqashwe kwiCandelo (6), amashishini abucala (1) okanye bayinxalenye yezifundo kwinqubo zesebe(1). Inkqubo Yophuhliswa kolutsha yeNkulumbuso (Inkqubo 1000) iye yaqalwa kwiSebe nabantu abangama 42 abaseqeqeshelwa umsebenzi ababe pase imetriki ngo 2011.

Iphulo lophuhliso loluntu, ingcali zabaphandi zisebenza njengama khankatha kubantwana besikolo nabaphandi abasafufusayo. Injongo zeMOU neNelson Mandela Metropolitan University (ikhampasi yaseSaasveld) zeye zafezekiswa ngabafundi abathe bagqiba izifundo zabo. Ezinye impumelelo zezi:

- Umntu osekuqeqesho lomsebenzi osebenza eplantini uyawawongwa njengoyena mfundi ophuma emagqabini kwimveliso yezilwanyana kwimibhiyozo yesedanga yeUniversity, apho ethe wafumana iNational Diploma kwi Agricultural Management. Uphinde wawongwa ngewonga leBonsmara.
- Omnye umfundi ufumene iwonga leDux-student kwimfundo enomsila yeB.Tech Agricultural Management (cum laude) njengesigqibo esenziweyo, uzokuchitha unyaka eOuteniqua ifama yophando, ngexa esenza izifundo ezinomsila zeM.Tech.
- Ingcali kwezomveliso yobisi noprofessor uphuma emagqabini uye wakhankatha umfundi wezifundo ezinomsila M.Sc. kwiDyunivesiti yase Pitoli apho efumene khona isidanga esiphume emagqabini kweyoMnga 2009. Izifundo zakhe zenziwe kwifama yophando eOuteniqua. Wankizwa imbasa yeBronzi Yombutho Wezilwanyana wase Mzantsi Afrika ngzifundo zakhe ze M.Sc. zegalelo lwezinyana kwezolimo.
- Iteknishiyeni yophando evela kwiqela lophando lwenciniba ifumane isidanga sobugqirha (Phd) (Agric.) eDyunivesithi yase Stellenbosch (US).
- Ingcali ziye zazinkokheli zemfundo zezidanga ezimbini ze Ph.D kunye nezintathu ze M.Sc.
- Ingcali yesayentisti (ulawulo lwamasimi) yayingumntu wokuqala ukufumana imbasa yeTop Performer: Scientist 2011 Award kwisimphoziyam yengcebiso kwisebe.
- Iteknishiyeni yafumana imbasa yeyona posta intle kwiNkongolo yama 29 Yombutho

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

weTeknologisti zoLimo zaseMzantsi Afrika.

- Imbasa ye "Best paper published in the SA Journal of Plant and Soil" yafunyanwa yingcali yesayentisiti (isayensi Yokhula) neteknishiyeni yophando. Iteknishiyeni yophando yayingumbhali wokuqala. Imbasa ye9 yenziwa nkongolo ye Combined Crops, Soils and Weeds Congress 2012. Kule nkongolo, le ngcali yesayentisiti yanikwa imbeko ngokufunda elona phepha liphambili kwinkomfa yeWeed Science Society.
- Ingcali eyisayentisiti yobisi yonyulwa njengelungu leKomiti Yengcebiso: Uphando noPhuhliso lweBisi eMzantsi Afrika.

Inkqubo yeweb i' real-time, enikezela abankcencesheli ngolwazi olutsha rhoqo ngeveki ngamanzi asetyenzisiweyo kwizityalo zabo kunye ne 7 semilinganiso yokukhula, yandiswa yaquka zonke iziqhamo kwindawo ephantsi kwesathelathi. Iprojekthi yeFruitlook yaqala ngomhla wo 1October 2011 izakuqhubeka kude kube sekupheleni kwexesha lokuncenkceshela ngo 30 April 2012.

Iprojekthi ezimbini zoncedo lwentlekele zenziwa kwizikhukula zika 2008 nakwiprojekthi yembalela yase Eden ka 2010. Ileta zokugunyazisa ezingama 2 464 zanikezwa amafama ali 1 083 ngenxa yoncedo lwembalela eyabetha indawo ezikuMphakathi nakwi Karoo encinane. Isistimu ezingama 87 zamanzi emfuyo zafakelwa /isistimu ezikhoyo zalungiswa njengengxenye yoncedo lwembalela.

Ama R27 ezigidi ahluwulwa njengoncedo lwembalela ukusuka ekuqaleni kwenkqubo, ama R24.9 ezigidi ahlawulwa ngonyakamali ka 2011/12. Ama R34.5 ezigidi email eyeyabelwe uncedo lwezikhukula ngo 2008 yasetyenziswa kwada kwasekupheleni kweye Kwindla 2012 ekwakhiweni kodonga lomlambo elinqanda ukhukuliseko lomhlaba wezolimo onexabiso. Isixamali esingama R21.5 ezigidi shlawulwa kulo nyakamali. Zombini ezinkqubo zizakuqhubeka.

Kwimfuno zokuqinisekisa ulawulo oluzinzileyo lwezendalo iSebe lithathe inyathelo lokuqala kwiprojekthi enkulu yokulungisa isistimu zemilambo eNtshona Koloni, kwaqala nge Berg River. Indawo engaphezulu kwekilomitha ezi 2 yacocwa kwasuswa imithi i-old blue gum eneminyaka efikelela kwi 100 eyayisulela indawo ekufutshane nomlambo. Sikunye nabahlobo bethu kwiNkqubo Yokusebenza Ngamanzi ezinye ikhilomitha ezimbalwa zacocwa ukongeza ixabiso leprojekthi kwaye le projekthi iyiprojekthi ephambili yamaSebe aliqela, ngenjongo zokulungisa isistimu zemilambo ukuze ibe ngovimba bempilo ikhuseleke njenge asethi yendalo.

KwiProjekthi Yokubiyela ibiyintsebenziswano phakathi kweSebe lezoLimo neSebe lwezoThutho nemiSebenzi Yolunti ngenjongo zokwandisa amathuba omsebenzi kumaphandle aseBhofolo. Leprojekthi equka ngaphezu kweeFama eziyi-50 izakukhusela impahla yamaFama ekunyiseni kwencitho ngezilwanyana eziyingxaki kwaye izakuvumela amaFama ukuba afame ngokuzinzileyo. Emveni kokuqala okucothileyo ngenxa yoqeqesho lokuqala kunye nenqubo yokuthenga, ngaphezu komgama we13 km wobiyu wagqitywa kwaye namaFama agcobile kakhulu ngeziphuzeprojekthi.

Ngokusebenzisana neziko lwe-South African National Biodiversity kunye ne-Greenchoice WWF - SA, leNkqubo yaququzelela yasingatha inkomfa neziko i-South African National Biodiversity Institute's Cape Action for People and the Environment (C.A.P.E) eyayise Elsenburg kwinyanga kaJune ngomnyaka ka-2011. Umongo wenkomfa wawusithi

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

'ulondolozo lwendalo'. Yaba yindibane ebenempumelelo kakhulu le, evumela ingxoxo mpikiswano phakathi kwesigqeba soluntu, ukufama ekuhlaleni, amatshantliziyo ezokungqonge imvelo, nawo londolozo lwendalo ekubekeni umbono onokunika amandla entsebenziswano.

Ngaphandle kolibaziseko kwengaqu yomhlaba ukusukela kumbuso wabantu ngabantu, uhlolo lwangaphakathi lwezimvo oluhlahla indlela lwabhexeshwa kwiifama eziyi-202, zoguqulo lomhlaba ePhondweni. Oluhlolo lwezimvo lunike umtyhi oxabisekileyo ukuze kuqengqwe olona luhlolo luzakuba naba kakhulu lulwazi kunyaka mali ka-2012/13 ngenjongo zokuphawula ezona ndawo zifuna ingqwalasela ekuphuculweni manganenelelo axhasa amafama kwinguqu zomhlaba ezifama.

Ukomeleza ukucwangciswa kweeprojecti zoshishino wezolimo ngokuxhaswa ligunjana lweSebe i-Unit for Technical Assistance (UTA) olusebenzayo ngokupheleleyo ngoku kwaye ikwanika ubuchule bolwazi kwezolimo ekucwangciseni nasekuphononongweni kweefama nezicelo zeprojecti.

Umboniso wesebe owongezelelweyo waba ngumsitho obenempumelelo ngomnyaka ka-2011/12 ukukhuthaza ulwabelwano ngolwazi nokuhanjiswa kweenkonzo ezibambiseneyo phakathi kwawo onke amaGosa Ongezelelo kwiiNkqubo zonke zeSebe. Lomboniso uzakuphindwa rhoqo ngonyaka.

Ngonxa yendlela yezemveliso lwentengo isebe luye lwabamba ukhuphiswano lweeMazi zeGusha ngomhla we-26 kwinyanga kaMay ngomnyaka ka2011 usenzelwa amaFama oguqulo lomhlaba aphantse alishumi elinesihlanu emfuyo emfutshane kwingingqi ye-Central Karoo. Olukhuphiswano lwaba ziziphumo zenkqubo eyandisiweyo eyayitshisa ubunzi kakhulu ndawonye nabo banomdla ekuphuculweni kwemveliso, kunye nobume ezimali nolondolozo lwezixhobo zendalo kwiFama ezikhankanyiweyo.

Iveki enkulu yezolimo (Agri Mega Week) yaba ngowona msitho uqaqambileyo weSebe nanjengokuba lomsitho uzamela ukudala iqonga apho umvelisi, ababoneleli ngezinto ezongezwayo, i-arhente yenkonzo, kunye noluntu ngokubanzi, olunomdla kwezolimo, lungazibandakanya ngokwentshukumo ezibumbeneyo, ekwenzeni amashishini nasekufundeni ingakumbi amaFama asakhasayo angabanikazi.

AmaGosa andisiweyo asiXhenxe (7) azindakanya nesifundo, phakathi komhla we-25 ku September nangomhla we 8 October 2012, e-Centre de Formation Professionnelle et de Promotion Agricole (CFPPA) ese Beaune (France). Iinjongo zamathubo oluqeqesho ibikukwandisa nokomeleza ezolimo ngoqeqesho lwamaGosa andisiweyo kulawulo lweeProjekti nasekuphuhliseni osamshishini abazimeleyo.

Isebe lwenze isikhumbuzo zoMhla woKutya eHlabathini ngomhla we-14 October 2011 e- Doringbaai. Nanjenge nxalenye yokubhiyozela ukuxhaswa kwamaKhaya ayi-48 ngepasile zemveliso yokutya kusetyenziswa imbono yeMbewu yoKutya 'Foodpods concept', ivumela lamKhaya ukuba avelise ukutya oku kwawo ngokusebenzisa amakreyiti (crates). Inkqubo: Nkxaso yamaFama noPhuhliso (FSD) ibhexeshe uhlolo lwezimvo ekuphononongeni inkqubela esele yenziwe kwiiprojekti ukusuka ngomnyaka ka 2007. Iziphumo zibekukuba isiqingatha esingamshumi amathandathu epesenti (62%) zeegadi zisenza imveliso.

I-Smart Pen (Digital pen) iphucule iinkqubo zoshishino nokusebenza kakuhle kweNkqubo:

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

I-FSD kwaye yangenelwa kwi- Center for Public Service Innovation (CPSI) 2011 Public Sector Innovation Awards apho yawongwa ngebhaso lwesithathu kukhuphiswano jikelele, eliwonga liphathelene necandelo elivelisa ubuxhakaxhaka bomatshini (Innovation Technology section).

Urhwebo lwezilwanyana ezinobuzaza kwizifo zezilwanyana (bona icandelo lomkhuhlane oyi-Avian Influenza) lwachaphazela kakubi ukuthunyelwa kumazwe angaphandle iindidi ngendidi zemveliso yezilwanyana kwaye lwabeka imeko zoxinizelelo ezingalindelekanga ubasebenzi bonke beNkqubo: yeeNkonzo ZoGqirha Bezilwanyana (Veterinary Services (VS)).

ISebe lilindele ukuthunyelwa komatshini we-ICP kunye noyi-robotic nucleic extractor yomatshini we-PCR nanjengoko i-DAFF ithengela iPhondo esisixhobo sokusebenza.

Kwaye kwacaca ukuba indawo zokuxhela inyama ebomvu, ingakumbi ezo zixhela iigusha ziyasokola ukulondoloza uxhelo olu lungileyo rhoqo ngosuku kukhutshwa imveliso. Lengxaki ingabangelwa luthotho lwezizathu, umzekelo, umfutho ongalunganga ovela kwizilwanyana eziphila ngokutya ezinye, ubusela bemfuyo, nomkhuhlane oyi Rift Valley. Nangona, uninzi lwezikhaziso lwafunyanwa olumayela nomfutho ombi wokuxhelwa ngokungekho mthethweni apho kuxhelelwa ukuveliswa kwiindawo zokuxhela ezibhalisiweyo. Abenemfundo enomsila kumaziko emfundo ephakamileyo bathikelela ukuba isiqingatha samashumi amahlanu epesenti (50%) senyama ebomvu ixhelwa ngendlela engekho mthethweni, yenze loonto imiphumela enobungozi kuxhelo olukhupha imveliso kwindawo zokuxhela. Ngokuchasane nalengxelo, ukwandiswa kwemiqathango inika uxinizelelo kwezondawo zikhoyo zokuxhela zinyanzelisa kutsha nje ezondawo ziyeke ukusebenza, okukubangele ukunqongophala kweendawo ezikhoyho zokuxhelela kwaye kudala ukwanda ngakumbi kokuxhela okungekho mthethweni. Oku kuyabangela ukuchaphazelaka kakubi kwezinye zeenjongo zethu ezicetyiweyo, xa sizibiza; uphuhliso lweelali kwanokudala imisebenzi kwiindawo zeelali kwanezo zinjengokufumaneka kwenyama ekhuselekileyo nethengekayo.

Inkqubo yesindululo: Ubuxhakaxhaka bomatshini, linkonzo zoPhando noPhuhliso [(Technology, Research and Development Services (TRDS))] yasekwa ngokungqamene neenjongo ezicetyiweyo zePhondo [Provincial Strategic Objectives (PSO) 7 (Ukwenziwa kozinzo owona mzi-la (Mainstreaming sustainability) nokuhlumiswa kokusetyenziswa kwezixhobo kakuhle (and optimising resource-use efficiency) kwanoku no-11 (-Ukwandiswa kwamathuba okukhula nophuhliso kwindawo zase maphandleni -(Increasing opportunities for growth and development in rural areas)]. IInkqubo zophando eziqondakala lula nokubeka iliso kubathengi zasekwa liziko lwemveliso yezilwanyana nemveliso yezityalo, nokusetyenziswa kwezixhobo.

Isidingo soku ququzelela uphando lwezolimo eNtshona Koloni kuphelele ekusekweni kweqela elisebenzayo lophando nophuhliso (Research and Development Working Group) lwe-PSO11. Eliqela luyakusebenza njenge mbumba yezophando lwezolimo eNtshona Koloni [(Western Cape Agricultural Research Forum (WCARF)], eyamiselwa pakathi kunyaka ka 2011/12. Amalungu e-WCARF amele i-DAFF, iSebe Lethu, imibitho yezoqingqo mthetho (PPECB), ARC, imibutho yhorhwebo namaziko emfundo ephezulu. Kwaba neentlanganiso ezintathu ze-WCARF ezabanjwa ngonyaka ka-2011/12. Inzebenziswana elungileyo phakathi kweSebe namanye amaziko ophando eNtshona Koloni kwakhona iye yeza phambili xa kwakuvulwa nguMphathiswa u-Van Rensburg,

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

isityiya esitsha se-ARC sembewu yeti ebizwa nongokub sisihlahla sobusi (honeybush tea seed orchard). Esi sityiya sasekwa kwifama yophando yase Elsenberg emveni kokuba ihectare enye yenziwa yakhona ekuxhaseni ezoshishino lorhwebo nabavelisi baso.

Uhlobo olutsha nolwamkelweyo lobuxhakaxhaka bomatshini eluzuzwe kwinzame zophano olugqwesileyo luqinisekise kwaye lusezakuqinisekisa ukuba abezemveliso yethu bazinzile kwaye bangalumela ukhuphiswano benezixhobo ezinqongopheleyo (ingakumbi amanzi) nemiceli mngeni yokuguquka kwemoyezulu kwanoku qinisekisa isiseko sokwandisa imveliso yezolimo ngesiqingatha seshumi (10%) kwiminyaka ezayo. Nanjenga nxalenye ye-PSO7 yaye siqhubela kuzinziso lweentlobo zobufama be-climate-smart, umbutho oyi-No-Till Association eNtshona Koloni wasekwa phantsi kwelizo lweziko leSebe lwemveliso yezityalo (Institute for Plant Production). Olusuku luyimpimelelo lwazinyaswa ngabantu abangamshumi amathandathu ananye (61) kwaye nokomiti yonyulwa ukuba ithathe uMbutho (owaziwa ngoku njenge londolozo lwezolimo eNtshona Koloni- Conservation Agriculture Western Cape - CAWC) uwuse phambili. Le ingqalo yafumana usasazo olunabileyo kwaye namaFama bayakuba ngumbindi wale komiti, kunye namaGosa esebe kwindima exhasayo. I-CAWC isasaze incwadana zeendaba eziliqela yathatha inani lokhento kuhlaza ("green tours") e-Swartland nase Overberg. Ezi zabonakala zixhaphake kakhulu eluntwini kwaye zigxininisa isidingo sokukhusela izixhobo zaseFama nokunciphisa iindleko zokongezwayo.

Ekugqonondiseni umtyhi owenziwa zinzame zethu zophando kumanqanaba emveliso nakuzinziso lwamaFama, iSebe luye lwabambisana neziko lwe-ARC Small Grain Institute kunye ne- Impact Assessment Unit kundlu nkulu ePitoli, ukuphonononga umtyhi owenziwe lulondolozo lwezolimo i-(CA) noqeqesho olumelwe ngalamaziko mabini kumanqanaba emveliso yamaFama eNtshona Koloni. Olufundo luyelwqalwa phakathi ekupheleni kwesixa sonyaka ka 2011/12 kwaye luzakuphanda ukuba mngakanani umhlaba osetyenziswe phantsi kolondolozo lwezolimo (CA) (xana kuthelekiswa nenkqubo yolondolozo), ngawaphi amaqondo okwamkeleka, yintoni ebangela amaFama amkele i-CA, izintoni ezingamndla ezinokwenza umtyhi obonakalayo kwezoshishino, ezemveli ezisingqongileyo, nezi iintshukumo.

Okungqamene ne PSO7 ngumqulu wezokuguquka kwemoyezulu kunye neenkonzo zothikelelo lwemoyezulu apho iingxelo eziyi 19 zemeko yezolimo, kwane-38 yeengxelo zelizwe lonke kunye nezimlunkisi zasasazwa liziko lezokusetyenziswa kwezixhobo i-Resource Utilisation (Unit: Risk and Potential Management) kwabo bandakanyekayo ePhondweni. Nanje ngenxalenye yomsitho iCOP 17 obusingathwe eThekwini/Durban, iSebe lithathe inxaxheba kwiindibano eziliqela, ebezisandulela umsitho obukwidolophu yaseKapa. IProjekti ezisibhozo kwezolimo nemoyezulu i-Climate Smart Agriculture zayezaqukw kwincwadana yezosasazo lwengqeqesho yezokusasaza uphengululo lwemo yezulu phambi komsitho. Abathunywa abevela eNtshona Koloni (ukuquka amaGosa amabini ezolimo) bathathe inxaxheba kwingxongxo zamaqela ahlukeneyo kumboniso waseKapa oyi-Climate Smart Cape Town exhibition. Ezolwini lwasezidolophini lufumene ingqwalasela entsha.

I-Climate smart agriculture nobuzaza neendawo zemvelo ezingqongileyo kukhokelele ekubeni iSebe lijonge ngaphakathi ngendlela yoluhlaza "green" entsha kunendlela esenza ngayo izinto lwethu. Ikomiti yeSebe esandukubunjwa yoluhlaza yenza imitsi elungileyo ekwaziseni abasebenzi abakumngcipheko (carbon footprint) wezimbiwa

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

zamalahlle, neendlela zonikezelo lweenkonzo ngokwendlela ezinzileyo. Inkqubo ye 2wise2waste yeSebe lweZandalo neziCwangciso zoPhuhliso[(Department of Environmental Affairs and Development Planning (DEADP)] longezelelwe kwintshukumo zekomi yoluhlaza i-Green Committee.

Kwizame zokubonisa ngoluhlaza nezisombululo zobungcono bemo yezulu (kwesi isithuba uhlobo olutsha lwemveliso yamandla ombane) kumaFama nokuqinisekisa uzinzo kwiifama zophando, uhlobo olungenabungozi lwerhasi evundisiweyo (biogas fermenter) luyakhiwa kwifama yezophando e-Outeniqua, ukuguqulwa komgqub ukusukuka kwimveliso yobisi ukuya kwirhasi (biogas) nombane. Kulindeleke ukuba iprojekti (ngokuxhaswa ngezimali liSebe lweZothutho nemise yangaPhandle) izakugqitywa ukuya embindini wonyaka ka-2012/13.

Uguqulo lwerandi yophando ukuya kwirandi yolwazi kuzakuhlala kubalulekile kakhulu kwiinzame zokuseka iziphumo zophando kumanqanaba amaFama. Ngokwesi sizathu unxulumelwano phakathi kwabapandi, imibutho yezoRhwebo namaFama lwalu sebenza ngamandla kumnyaka ka 2011/12, kwade kwabangela ukugqithisa phantse ngaphezulu kwenani lweendibano nezorhwebo ekuxoxeni ngemiba ephathelene nophando kwane ndawo eziqwalasiweyo (ezikwisixa samashumi amahlathu anesibini xakuthelekiswa kwezo bezukummiselo wesibhozo kulo nyaka). Ezindibano zikwanike abaphandi amathuba okusasaza ulwazi lobuchwephesho kubathengi bethu. Imisitho elishumi elinesine lokudluliswa kobuxhakaxhaka bomatshini yalunguselelwa, ngelixha ingcaciso eziyi 205 zenziwa ngeentsuku zamaFama, amaphepha axhaphakileyo ayi126, kunye neentetha eziyi 41 kunomathotholo nazo zegqithisa kwelo belindelwe ngokwegaleleo. Ukuze kuthathwe ulwazi kuwo onke amanqanaba, izifundo ezibini zamadlelo kwabasaqalayo (kuzo zombini ilwimi) kunye nenye yengcali kwezolimo zacaciswa kwifama yophando i-Outeniqua kwaye zamkelwa kakuhle kakhulu zalandelelwa.

Izakhono namava obunzululwazi eSebe zazuzwa ingqwalasele kumazwe angaphandle xa omnye weengcali zobunzululwazi kwiziko lwemveliso yezityalo wamenywa ukuba abhale Isahluko kwincwadi eyi-Rain Rainfed Farming Systems (Hardy MB, Dizba L, Kilian W & Tolmay J 2011. Rainfed Farming Systems in South Africa. In: P Tow et al. (eds), Rainfed Farming Systems, Springer). Esisahluko zenza igalelo elibalulekileyo kuluncwadi lwesosifundo eMzantsi Afrika kwaye isibeka kwindawo eyiyo malunga nezolimo ezondliwa yimvula kwiHlabathi lonke. Lencwadi i-"Rainfed farming systems" inika ingqokelela yezihloko ngokucacileyo nendlela zokuzibenzisa, iquka yonke imiba yothotho lwezinto eziphathelene nokubunjwa nendlela esebenza ngayo nolawulo nokuphuculwa kwe nkqubo yokufama i-rainfed farming system structure. Incwadi iqulathe izahluko ezingamashumi amahlanu kwisixa samaphepha ali 1 281. Lencwadi yaziswa kwinyanga kaNovember kwiziko lwe-South Australian Research and Development Institute njenge nxalenye yemhlangano wosuku weAIAST One-Day Forum ekuveliseni kokutya okuninzi ngezixhobo ezimbalwa.

Umtyihi weenzame zophando nemveliso yazo, kwangqinwa xa umvelisi wabhala uphawu kwisiqendu sencwadi i-"Letters to the Editor" ye Landbouweekblad (dated 30 September 2011) eMelkbeeshandleiding eyayi qulungqwe ngomnye wengcali zemveliso yobisi eya ixhaphaka ngoku kwaye iyincwada efundeka lula kumafama obisi, ingaphelelanga eNtshona Koloni kuphela, infundwa eMzantsi Africa.

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

Ukuze kuveliswe uhlobo olukhulu lwemveliso ye-genetic material kuBathengi nokuhlalisa ingeniso evela kuba phando nenzame zalo, amahashe ohlobo iPercheron athengiswa kwintengiso yezokungcakaza oku kwadala inzuzo ye R60 00.00. Ngenxa yokubela komkhuhlane I Avian, akukho ninciniba shishino longcakazo lweenciniba kumnyaka ka 2011/12.

Inkqubo: i-Agricultural Economics (AE) yavelisa iingxelo ezahlukeyo, malunga ne-196 lwahlulwa kwezobunzululwazi, neziphakathi kubunzululwazi, ezixhaphakileyo nezesigxina ziyaveliswa.

Inkqubo: AE yafikeleleka kwi-1 273 yabathengi abenengcebiso zoshishino lwezolimo. Phakathi kwezinto eziqaqambileyo, yiprojekti ngokusebenzisana neWesgro, Isigqeba sotyalo mali kushishino lwezoLimo lwaququselela malunga nesixa esiyi - R82 million esivela kutyalo mali kwiprojekti eziliqela.

Kwiqondo lwezamazwe ngamazwe, uthotho lwe-Micro Combud elitshatshela ngayo iSebe kobelwana ngayo ne Agri-benchmark eluhlobo lwabaphuhlisi e-Germany inokusetyenziswa njengesiseko lwezizityalo. Oku kubangelwe ngumdla ekuqukeni olunye uhlobo lwemveliso yezityalo.

Kwanamaphepha, amabini abizwa "Economic value of alien removal and natural capital restoration on the Agulhas Plain, and Impact of increased water user charges and the reallocation of water" aye acaciswa kwinkomfa ye- European Association of Environmental and Resource Economics (EAERE) 2011 ayayise Roma. Oku kwasazwa kwi- Agrekon eliphepha ndaba elifumaneka ehlabathini jikelele. Ukongeza, iphepha elisi sihloko "Have South African smallholder apple producers achieved market access? Case study findings from the Western Cape" lwacaciswa kwindibano yoqeqesho e-Benin. Elinye iphepha eliyeleleneyo lwacaciswa kwiconference-Agricultural Economics Association Conference of South Africa kunyaka- 2011.

Inkqubo: Uqeqesho olusekeleziweyo lwezolimo [(Structured Agricultural Training (SAT)] luye lwaqhubeka ekunikeni uluhlu oludwelisiweyo loqeqesho olukudidi oluphezulu noluphantsi (accredited and non-accredited training programmes) ukuya kwinqanaba lwesixhenxe le-NQF. Abo banqwenela ukuba ngamaFama nabo baqeqeshelwa ubuFama, ingcali zolimo, abancedisi ezifama, nendawo zabahlali ezilalini bayakuhlala belelona qela lingummiselo kuqeqesho nokwakhiwa kwezakhono. Ogxiniso lujoliswe ngakumbi kooMama noLutsha lwase maphandleni.

Izinga lokugqwesa oluyi 79% lwabafundi bezifundo emsebenzini lwafumaneka, ngoko bhaliso lwasekuqaleni kwinani lwaBafundi ablikhulu (100 learners). Ukongeza, ukuphindwa kovuselelo manqaku nenqanaba lwesifundo kwanokuphunyezwa koqeqesho lwezifundo emsebenzini kwezolimo ezinika izifundo kwezolimo kwinqanaba lokuqala nawesine i-NQF levels 1 – 4 kumazinga oqeqesho ahlukeneyo, njenge mveliso yezityalo, uhlobo olungumxube wokufama, imveliso yeenkukhu neyezilwanyana (i.e. Plant Production, Mixed Farming Systems, Poultry Production and Animal Production) yafunyanwa yi-AgriSETA ETQA kwaye kwagximfiziswa yi SAQAA kude kube nguDecember ka 2014.

Ngokuphathelene nophuhliso lwezakhono kwanooqeqesho, isixa esiyi -1 940 sabaxhamli

INGXELO JIKELELE
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

kwezolimo bafumana uqeqesho lwezakhono kwiinkqubo eziliqela zeenkqubo zoqeqesho olungenamanqaku. Abaxhamli boqeqesho kuquka namaFama, abancedisi basefama namanye amaqela ezolimo jikelele kwizithili zePhondo, ngokugxiniso oluthile kwi-Comprehensive Agricultural Support Programme/Pro-active Land Acquisition Scheme, abaxhamlayo kwiiprojekti kwanamaqela ezolimo phakathi kwiindawo ezinesidingo ngokuphathelene ne-Comprehensive Rural Development Strategy (CRDS).

Ezinye zeenzuzo eziphawulekayo kwisithuba sokuniko-ngxelo kuquka aBafundi abalishumi elineSibini kumzila wemfundo ephezulu, kunye naBafundi ababini (2 learners) abathathiweyo kwisidanga senkqubo ye-B.Agric. Umfundi omnye ebhalisele izifundo zamaHashe (Equine studies) kunye nabasithoba (9) abathathwe kwimfundo yasetifiketi esiphezulu (Higher Certificate).

Ibhasari evela kushishi lwabucala lotyalo mali i-Novare, yanikezelwa kumfundi okwinqubo yofundo emsebenzini (learnership student) ukuze aqhubekeke ngezifundo zakhe kwezolimo ngokwenza i-Higher Certificate. Ibhasari zeSebe nazo kwawongwa ngazo abafundi abethunyelwe ngumzila wemfundo eqhubekekayo noqeqesho.

Inkonzo zoqeqesho olunamanqaku noluhleliweyo lwabaniki nkonzo bangaphandle zathengwa ekuxhaseni ukulungelelanisa kwezifundo, uhlelo lwezifundo nokuhlaziywa kwemithetho yangaphakathi ngenyanga kaMarch kunyaka ka2012. Ukwangoku ingqeqesho zokuqinisekiswa koqobelo, uluhlu lwezifundo ezimfutshane ezindidi mbini (2) zaphononongwa ngokunokokwazo ngaphakathi kwaye iinkqubo ezintathu zezifundo zathunyelwa ngaphandle ukuqinisekisa izinga loqobelo lwazo nokuba zilungiswe sisigqeba sebhunga loqeqesho nemfundo kwezoLimo i- AgriSETA ETQA phakathi kwesithuba sonyaka.

Isixa esiyi-438 sabafundi sabhaliswa isidanga sezolimo se-B.Agric.- inkqubo yesidanga (degree programme), neSetifiketi semfundo ephakamileyo kwezolimo (Higher Certificate in Agriculture) kunye neDiploma yezolimo (Diploma in Agriculture), kunye neSetifiketi sobanguchwepheshe kuqeqesho lokuqheliswa kwamaHashe (Certificate in Horse Mastership and Preliminary Riding Instruction). Olu lokugqibela uqeqesho lwanikezelwa kumagosa alishumi elinesihlanu amaPolisa esiXeko esiMbaxa iKapa, ukuze bakwazi ukwenza ezobulisa ngamahashi ingakumbi kulawulwa lomndilili

Isixa sabafundi esiyi-128 bathweswe izidanga ukusuka kumabanga aphakamileyo emfundo noqeqesho ebenikezelwe. Phakathi kwesisigaba, aBafundi abaqeqeshelwa ukuba ngabamfaxangi bomdiliya (wine-makers) bazuza imbasa ezintathu ze(3 bronze medals) kwimiboniso yabaselula yokwenziwa kwe wayini e(Young Wine Maker Show).

libhasari ezibekwixabiso olungaphezu lwesigidi serandi safunyanwa kumaziko ahlukeneyo kulo nyaka mali. Ukusekwa kwe-Western Cape-Burgundy eyinkqubo yotshintsho iqhubekekile ngokwezicwangciso. Isixa esingama 27 sabathathe inxaxhexheba kwePhondo lweNtshona Koloni sixhamlile kulenkqubo yotshintsho, yaye abasibhozo bamaFrans babesingathwe liziko Loqeqesho i-Elsenburg(Agricultural Training Institute) Ukongeza, iqela lombhoxo lweziko loqeqesho lwezolimo i-Elsenburg Agricultural Training Institute lwaye lela -CFPPA ngoko khenketho olufutshane e-Burgundy, Fransi. Inkqubo: Yezophando no phuhliso Rural Development (RD)] iququzelele iintshukumo

INGXELO JIKELELE

Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

nenkcithoyamabakala onke oburhulumente kwiindawo ezikhethiweyo ezinesidingo kuphuhliso lwamaphandle. INkqubo ifune ukuzuzisa inkxaso efanelekileyo eburhulumenteni kuzwelonke jikelele kumaphondo nakuburhulumente boomasapala anezicwangciso ezifuthelanayo (Local Government Integrated Development Plans (IDPs)] kwii wadi zelali. Ukuphuhliswa koxwebhu lweziseko zamanqanaba kuquka iintshukumo zikarhulumente wonke kuzozonke iwadi kuzise indlela ephangaleleyo neququzelela ukusekwa nokwandiswa imbonakalo seenkonzo zaseburhulumenteni kwindawo ezikhethiweyo zewadi zasemaphandleni. Lendlele ikuphucule ukusasazwa kweenkonzo yadala nolwazi ekuqondeni indlela urhulumente asebenza ngayo kwiwadi zasemaphandleni.

Inkqubo: Yezophando no phuhliso (RD) ibenegalelo ekuvuseleleni iindawo ezimbini ezinesidingo kuphuhliso lweelali, ukuya kubeka isixa sendawo ezinesidingo ezishukumayo ePhondweni kwisibhozo (8). Ziquka ezindawo zinesidingo:

- Umasipala waseOudtshoorn (Dysselsdorp);
- Isixeko saseKapa (Mamre);
- Umasipala waseMatzikama (Ebenhaeser);
- Umasipala waseWitzenberg (Bella Vista);
- Umasipala waseBeaufort West (Murraysburg);
- Umasipala waseBitou (New Horizons);
- Umasipala waseTheewaterskloof (Villiersdorp), kunye no
- Masipala waseMossel Bay (Indawu ezisemaphandleni ezilithoba).

Ukuzokufika kolusuku lwanamhlanje, iiprojekti ezingama 221 zaba kuluhlu ngokuququzelelwa yindlela yophuhliso eliquka inkxaso evela kumabakala onke obuRhulumente, kunesixa semali esiyi -R301.171 sezigidi ebigcinelwe ekupheleni konyaka mali. Xakubekelwa bucala ezona ndawo zintsha zinesidingo i-Theewaterskloof and Mossel Bay, isixa semisebenzi esingama 416 emisebenzi yethutyana zadalwa kunyaka mali, ukubeka isixa ukusukela ekuqaleni kokubekwa kwesicwangciso sophuhliso lwamaphandle ukuya kwi -1 301 noxa i-798 yamathuba oqeqesho aphunyezwayo, ukubeka isixa sukela ekuqaleni kwi - 1 453.

Kuphuhliso lwabasebenzi basefama kuye kwaqeqeshwa abasebenzi basemafama abangama 1 556 kwizakhono ezihambiselana neNGO's neNkqubo: SAT, kuxhaswe iiprojekti eziyi9 zokungasetyenziswa kwezinyobisi, kwenziwe ukhuphiswano lwephondo labasebenzi bamafama izihlandlo ezili 14 nokhuphiswano lwephondo, kwenziwe intlanganisano ezili 16 zemibutho yengingqi, amafama angama 651 ayeancedakala ngereferal system.

ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO EFANELEKILEYO NGOKWENKQUBO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Icandelo 2:

Ingxelo Efanelekileyo Ngokwenkqubo

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

ISIGABA 2: INDLELA ESEBENZA NGAYO INKQUBO

2.1 Imali yenkxaso evotelweyo

Ulungiselelo olululo R'000	Intlawulo elungiselelweyo R'000	Eyona mali setyenzisiweyo R'000	Inkcitho (engaphezulu)/ engaphantsi R'000
501 718	517 192	514 559	2 633
Umpathiswa onoxanduva	Umpathiswa Wezolimo Nophuhliso Lweendawo Zasemaphandleni		
Icandelo elilawulayo	Icandelo Lezolimo		
Igosa lenkcukacha mali	Isekela Mphathi Kwicandelo Lezolimo		

2.2 Injongo Yevoti Ulawulo

Eburhulumenteni

Ukunikezela nokuhambelana nemiqathango neendlela zokusebenza, kuquka ulawulo lwemali olululo, ukusetyenzwa kwecandelo lengqesho noqeqesho, ukukhuthazwa konxibelelwano olululo nabathengi, amanye amaCandelo, Amaphondo namazwe aseAfrika, ngokwemiqathango yeBatho Pele neemfuneko zeIGR.

Uphuhliso Lolwazi

Ukuphuhlisa uqoqosho lwenkcukacha mali neteknoloji yeqondo eliphezulu engqonge umsebenzi kwiinkalozonke zemveliso yolimo, ukuqhutywa kwemalike nokuthengisa kucingelwa iimfuneko zamafama angomso nabathengi kuzwelonke nakwihlabathi liphela kwimeko yomsebenzi etshintshayo, ukuphucula ukhuphiswano nokwandisa imveliso yezolimo ukuqinisekisa ukukhula nophuhliso njengokukhulisa amathuba emisebenzi.

Ukukhuphela ulwazi

Ukuqeqesha abafuna ukuba nolwazi naba nolwazi kwezolimo, amafama nabasebenzi basefama kushishino lwezolimo nokukhuthaza ngamathuba emisebenzi kwezolimo.

Ukunikezela inkonzo efanelekileyo yokuxhasa amafama (kuquka ukwandisa kwemisebenzi) kubathengi abaninzi, kuxinzelelwa lisebe lamafama asakhulayo asekelwe kwimimandla.

Ukunikezela ngolwazi lwezoqoqosho kwezolimo kunye neenkonziso ukulungiselela ukuthatha izigqibo ezifanelekileyo kwezolimo nakwinkalo yokushishina ngezolimo.

Ukunikezela ngengxelo neenkonziso ukukhulisa indlela efanelekileyo yokusetyenziswa kwezixhobo zendalo zamanzi ingakumbi xa kujongwe umba wokutshintsha kwemozulu kwiPhondo lethu.

Ukumisela imithetho nemiqathango yokusebenza

ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Ukubeka iliso nokunciphisa umngcipheko wezempilo kwizilwanyana nokuqinisekisa ukhuseleko lokutya ngokuququzelela ukuthengiswa kwezilwanyana nemveliso zezilwanyana kumazwe angaphandle.

Ukukhuthaza ulondolozo nokusetyenziswa kokusingqongileyo kuqinisekiswa uzinzo, ingakumbi izixhobo zendalo kwezolimo (umhlaba namanzi) kunye nokuthintela ukwahlulwahlulwa nokucandwa komhlaba wezolimo.

Ukuxhasa ezolimo ngemali

Ukulawula nokuququzelela ukuxhasa amafama ngemali kumabakala onke emveliso, kuquka iCASP, iLandCare, nesabhsidi kunye neesabhsidi zokhuseleko, iMAFISA, iibhasari zoqeqesho kwezolimo nemfundo kunye nezibonelelo zemali ngamathuba entlekele njengokwabiwa kwazo ixesha nexesha.

2.3 Ushwankathelo lweeNkqubo

Inkqubo	Inkqutyana
1. Ulawulo	1.1 Iofisi ka MEC 1.2 Ulawulo Oluphezulu 1.3 Iinkonzo Zentsebenziswano 1.4 Ulawulo Lwezemali 1.5 Iinkonzo Zonxibelelwano
2. Ulawulo Oluzinzileyo Lwezixhobo Zokusebenza	2.1 Iinkonzo Zobunjinieli 2.2 Ukukhathalelwa Komhlaba 2.3 Ulawulo Lokusetyenziswa Komhlab
3. Inkxaso Yamafama noPhuhliso	3.1 Intlawulo Yokumiliselwa Kwamafama 3.2 Ulwandiso Neenkonzongcebiso 3.3 Ukhuseleko Lokutya 3.4 Casidra (Pty) Ltd
4. Iinkonzo Zonyango Lwezilwanyana	4.1 Impilo Yezilwanyana 4.2 Ulawulo Lwempahla Ethengiswa Kumazwe Angaphandle 4.3 Unyango Lwezilwanyana kumaziko empilo yoluntu (zikawonkewonke) 4.4 Iinkonzo ZelaboratriYonyango Lwezilwanyana
5. Uphando lweteknoloji neenkonzozophuhliso	5.1 Uphando 5.2 Iinkonzo Zolwazi 5.3 Iinkonzo Ezixhasa Iziseko Zophuhliso
6. Uqoqosho kwezolimo	6.1 Uphuhliso Loshishino Kwezolimo neNkxaso 6.2 Uqoqosho Oluphezulu neenkukachamanani
7. Ubume boqeqesho kwezolimo	7.1 Imfundo Yamabanga Aphezulu 7.2 Imfundo Yamabanga Aphakamileyo (FET) 7.3 Ukuqinisekisa Umgangatho 7.4 Uqeqesho Kulawulo neNkxaso
8. Uphuhliso Lwasemaphandleni*	8.1 Uphuhliso Lweenkqantosi Emaphandleni 8.2 Uphuhliso lwabasebenzi basefama

*Lenkqubo yongezelwekwisimo esivunywe saze sashicilelwa kwigazethi

2.4 Isiphumo EsiliceboNesijoliswe Kwimigomo

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophela ngowama 31 eKwindla 2012

- a) Xhasa Isolotya leZolimo kwiPhondoukugcina indawo yayo kwezokusiwa kwempahla kumazwe angaphandle kule minyaka mi-5 ilandelayongokukhulisaixabiso lerhafueyongezelelweyo ukusuka kwibhiliyoni ezili-R14.014 ngo2009

Zonke iinkqubo zeCandelo zinegalelo kulo mgomo ungasentla. Igalelo lahluka ngokweNkqubo nganye, ngohlobo lokuba ezinye iiNkqubo (Xhasa Ulawulo Lwezixhobo Zokusebenza (SRM), Uphuhliso Lweendawo Zasemaphandleni (RD), kunyeNoqeqesho Olumiselweyo Kwezolimo (SAT)) zidlala indawo exhasayo, ngeli lixa ezinye (Inkxaso YamafamanoPhuhliso (FSD), UqoqoshoKwezolimo (AE), linkonzoZonyangoLwezilwanyana (VS) neTeknoloji, linkonzo Zophando noPhuhliso (TRDS)) zinefuthe elingqalileyo kumgomo ongentla.

I-SRM inikele ngenkxaso yeenkonzo zobunjineli ezifanelekileyo kubathengi bethu kwezolimo ukukhulisa indawo yethu ekuthengiseni impahla kumazwe angaphandle ze ngaxeshanye ikhulise ukusebenziseka nozinzo kwimigudu yezolimo. Kwanikezelwa ngeenkonzo zobunjineli kubathengi bezolimo kusetyenziswa amanyathelo axhasayo angama-409 afana nemibiko yophando, ukwakha nokugqiba iziqinisekiso zokugqiba ikhosikunye nabathengi abangama-214 anikezelwaingcebiso kwezobunjineli okanye uqeqesho.

I-FSD yalungisisa iinkqubo zezicelo nezibonelelo ngemali ngezixhobo ezigxininisa ukubaluleka konxibelelwano kwimakethi njengesitshixo esifunekayo kuzinzo olupheleleyo. Oku kubethelelwe ngenkqubo zokuvavanya iifama ngentsebenziswano yokumisela imithombo yokutya esebenza neCandelo. Zidweliswe ngolu hlobo: lizilwanyana zasemanzini, imveliso zobisi, iziqhamo, iinkozo, shishino Nezilwanayna (Nnyama Ebomvu, Inyama Yehagukunye Nenyama Yegusha/Uboya), Izidiliya nokwenziwa Kwemveliso Zemifuno. Ukubandakanya abasebenza ngemveliso zokutya nobutyebi nokuvuleka kwamathuba emakethi nezakhono kuvavanyo lweefama neenkqubo zokuvunywa kovavanyo kwenza ukuba amafama asakhulayo naneefama ezincinci akhawuleze ukungena emakethini nokuba abengamafama oshishinonezixokelelwano zexabiso.

Ukwandiswa kweenkonzo ezinikezelwe liCandelo nezakhono ekwabelwene ngazo nabafundisa abasebenzi basefama emsebenzini kube ngegalelo elikhulu kwimakethi yasefama. Kwaze kwaxhaswa ukumiselwa kweehekhthare zomyezo wediliya ezingama-20.3, nama-42.4 eehekthare zediliya yewayini nama-93.3 eehekthare zomyezo weziqhamo, ne-1 703.9 leehekthare zokutya okuzinkozo neehekhthare ezili-51.2 zemveliso yemifuno ngenxa yeziphumo zobambiswano.

Ukugqabhuka kwesifo Sokugula Kwehashe laseAfrika kwiNgingqi Evalekileyo negadwe kakhulu kwanyanzeliswa ukuba ukuthunyelwa kwamahashe kumazwe angaphandle. Ngokufanayo ukugqabhuka komkhuhlane weenciniba iAvian kwabaneziphumo zokuyekiswa ukuthengisa inyama yenciniba kwiManyana yaseYurophu unyakamali wonke. Oku kugqabhuka kwezifo kwathi kwalawuleka ukuze kuqhutywe nokuthengisa inyama yenciniba kunye namahashe kumazwe angapahndlekuxhomekeka kumazwe angenisa impahla kweli lizwe lethu.

Uphando ngemiba yokufikeleleka kwimakethi ngundonqo wempumelelo yamafama amancinci nasakhulayo kunye namafama ashishinayo. Ukufikelela kwimakethi akuquki imiba efana nokufikelela kwiimakethi ezazingafikeleleki ngaphambili qha, kodwa

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Ijolisa kwimigqaliselo nokuvumelana nemveliso ngempumelelo xa zingena emakethini. Ukufikelela kwimakethi ngamafama ngumba ongundoqo notshisa ibunzi ukuphumeza iinjongo njengoko zibekwe kwiNjongo Elicebo kwiPhondo (PSO) 11.

Ngokwalo mbaiCandelo lidlal indima ephambili ngokuba negalelo ekumiseleni imigangatho nokunikezela ngenkxaso kumashishini ethu. I-TRDS ibe negalelo lemigangatho kushishino ngoboya noshishino ngempahla encinane ngaphambili, ngaxeshanye yaxhasa ushishino lwenciniba ngokuhlanganisa umqulu womgangatho oza unceda abavelisi basebenzise umgangatho weEU nothe mvanje wanceda imimiselo yokhuseleko lwezityalo njengemfuneko yokungena kwimakethe yeEU.

Kudalwe iqonga lokusebenzisana kweli soloty ngokusebenzisa Iqela Elisebenza Ngokufikelela eMakethini, elamiselwa ngonyakamali ka2011/12. Umba wogxininiso kukufikelela emakethini nokuphuhlisa imakethi ejolise kuzinzo lwemakethi ezikuzwelonke nehlabathi jikelele. Njengoko iAfrika inako ukuthengisa impahla yayo kumazwe angaphandle, kuxhaswe iimpawu zokuthengisa ezintandathu (6) Ezokuxhotyiswa Ngoqoqosho kwabantu Abamnyama (BEE) ukubonisa iwayini yeedolophu ezinkulu ezimbini eNigeria, Lagos and Abuja.

Kwaseteynziwa iindlela ezininzi ukuvula amathuba amaninzi kwimakethi kwaye aquka ubudlelwane boburhulumente nephondo iShandong eChina. Ngenxa yoku, kwavuleleka ithuba lokusebenzisana nabathatha inxaxheba abaninzi nabasuka kwiinkampani ezngama-23 kuMnyadala weHlabathi kwiayini owaziwa njengeYanta eyalandelwa ngumcimbi wokunxibelelana nokuzama ukwazana. Kuye kwaqapheleka ukuba ethubeni amangenelo ale misebenzi abeneziphumo ezihle, kangangoku, oku kwaba neziphumo zezivumelwano amashishini amane kunye nenkampani zewayini eMzantsi Afrika.

Kwancedwa amafama amnyama ezoqoqosho ukuba athathe inxaxheba kumboniso wexabiso lonxibelelwano lweziqhamo kwihlabathi nokuba ahambele umsitho wemveliso entsha kwihlabathi eJamani, iFruit Logistica. Injongo yale nkqubo kukunceda amafama akhulayo nashishinayo ekufumaneni ukuze afikelele kwiimakethe ngokukhuphucula amathuba emveliso nahambelana neemfuno zobuchwephesha ekukhuliseni isiqinisekiso. Iphulo linikezela isixokelelwane sokunikezela ngeempahla kunye nolwazi lwemakethi kwaye linciphise iinzame ezifana nayo kwabao badlala indima kweli lizwe nakwihlabathi ukuququzelela impumelelo yentlanganisela yamafama yesixokolelwane samafama asavelayo apha ekhaya, kwingingqi okanye kwihlabathi liphela. Kubalulekile ukwazi ukuba imbuyekezo yotyalo mali ngezintlobo zongenelelo zibe neziphumo zokuba osendaweni yesibini othengisa impahla kumazwe angaphandle ngomntu omnyama othengisa mayela neekhathuni ezingama-7000 eetafile zediliya kumazwe aseMpuma (Far East) ngokusebenzisaindilela engqalileyo.

Kweli lethu ilizwe, le nkqubo ikhokelele ekuthini ekumiselweni kweemakethe ezisemthethweni eziquka iindawo ezinkulu ezithengisayo kwaye ibaluleke kakhulu kuzinzo lokuxhasa amashishini enkqubo. Kwaxhaswa mayela nama-58 amashishini ezolimo afikelela kwiimakethe. Ezi nkqubo zongenelo asuka kwinkqubo aba neziphumo zentengiso exabisa ngaphezu kwezigididi eziliR10. Kuqatshelwe ukuba oosomashishini babucala balangazelela kakhulu ukunika amafama amnyama nasakhasayo amaphulo emisebenzi kunye namafama oshishino. Kangangokuba, abathengi abangama-22 bazinikela ekusebenziseni iinkonzo zala mafama.

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

Kuveliswe imibikoyengxelongemakethi engama-61 yazeyasisizwakumafamanabashishina ngolimo. Kwenziwa iinzamezokuququzelela amafama amnyama anefama ezincinane namafama ashishinayo akhe imodeli yentsebenziswano ezakudala iindlela zentsebenziswano apho kufanelekileyo.

b) Kwaqinisekiswa ukuba okungenani ngamaphulo angama-60% abe yimpumelelo kwiPhondo kwiminyaka emihlanu ezayo

Zonke iinkqubo ezikwiCandelo zinegalelo kule njongo ingentla. Igalelo lohluka ngokweNkqubo, kuba kwezinye iinkqubo (Ulawulo Lwezixhobo Zokusebenza (SRM), Uphuhliso Lweendawo Zasemaphandleni (RD), linkonzo Zonyango Lwezilwanyana (VS), Ubuchwephesha, Uphando Neenkonzo Zophuhliso (TRDS) kunye Noqeqesho Oluhleliweyo Kwezolimo (SAT)) zidlala indima exhasayo, ngeli xesha ezinye (Inkxaso Yamafama kunye Nophuhliso (FSD) kunye Noqeqesho Kwezolimo (AE)) zibe nefuthe elingqale kule njongo ingentla.

I-SRM yanikezela ngeenkonzo ezifanelekileyo zobunjineli ezingama-86 kwabaxhamla ngokubuyiselwa komhlaba ukukhuthaza ukusebenziseka nokuzinza kwemigudu yezolimo. Oku kwenziwa ngamanyathelo anika inkxaso ali-130 afana nemibiko yophando, ulwakhiwo kunye nokugqitywa kweziqinisekiso.

I-FSD yaququzelela yagqiba uvavanyo lwefama ezili-105, yanegalelo kuphuhliso lweeplani zokusetyenziswa komhlaba ezingama-80, kwaphunyezwa izicelo zokuxahsa iifama ezili-128 ezingama-81 neefama ezincinane ezingama-81 kwagqitywa imibiko yokubeka iliso kumaphulo okubuyisela amafama amancinci angama-471.

Ukongeza, i-FSD yagqiba uphando lwangaphakathi wokubuyekezwa kwemihlaba engama-202 iqwalasele imiba ethile enokwenza iinkqubo zokubuyisela komhlaba zibe yimpumelelo eziquka imiba efana: nokufikelela kwiimakethi, ukungqinelana nomthetho sisekelo wezabasebenzi, ihambelana noSARS, ukubuyiselwa kwengeniso, ukungqamanisa ulawulo lwemigudu nezicwangciso zamashishini, njlnjl. Olu phando lubonise ukuba amafama angama-74% ayafikelela kwiimakethe, angama-78% ayakwazi ukuphatha iimali neencwadi zawo kakuhle, angama-76% akwazi ukumisela izicwangciso zamashishini, iincwadi zamafama angama-50% zihambelana noSARS, angama-38% angqinelane nomthetho wezabasebenzi. Imiba ekuza kuqwalaselwa kuyo kulo nyakamali iza kugxila ekuqinisekiseni ukuba amaphulo angqinelana noSARS nemithetho yezabasebenzi. Injongo kukusebenzisa iziphumo zoluphando lwangaphakathi njengesikhokelo sokugqiba uphando olunzulu ngokubuyisela imihlaba yamafama kwiPhondo kunyakamali ka 2012/13 ukuze niqinisekise imiba yeenkqubo zenkxaso.

Iyunnithi yeCandelo Loncedo Kwezobunjineli lisebeza ngokupheleleyo (UTA) kwaye inikezela ngeenkonzo ezipheleleyo zocwangciso nokuvavanya. Ukongeza koku iinkonzo zokwandisa nezengcebiso ezanikezelwa liCandelo kunye nezakhono ekwabelwana ngazo luluntu zinegalelo ukwandisa imveliso ukuqinisekisa uzinzo kubuyiselo lomhlaba weefama nemigudu. Abathengi abangundoqo baquka abaxhamla kubuyiselo lomhlaba nabalimi, uququzelelo lwezolimo, ukumiselwa kwendyebo, inkxaso yemali kunye namafama aneefama ezincinci.

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Ukusetyenziswa kweteknoloji yeSmart Pen yenze kwalula ukuqokelela ingxelo ngokweenkonzo ezinikezelweyo nezithi zinike ingxelo eqokelweyo ngamaphulo. I-FSD yaqhuba imiboniso angama-83, iintsuku zamafama ezingama-29yaze yaxhasa amafama angama-3352 ngengcebiso.

Amagosa ancedisa ngonyango lwezilwanyanankwaze kwanikwa nengcebiso ngamaphulo amanini zimveliso yezilwanyana. Iinkonzo zekliniki zonyango lwezilwanyana kula maphulo ziqhutywa ngoogqirha bezilwanyana babucalakupsetyenziswa iCasidra (Pty) Ltd. Kukhutshwe ii-odolo yemicimbi yeCasidra emine(4).

Impumelelo yamaphulo okubuyekezwa komhlaba isekelwe kwimiba emininzi eyahlukeneyo. Omnye wale miba idala impumelelo lulingano phakathi kwezixhobo zokusebenza ezikhoyo neendlela zokulima. Kulo mba kwancediswa ngokuqhuba iinzame zophando ekuqwalaseleni imiqobo yezixhobo zokusebenza (umzekelo umgangatho womhlaba) nokunikelo uhlalutyobume bezithuba kumagoso olwandiso namafama, ukubala ezimbalwa. Ngaphaya koko, uzinziso lwamaphulo okubuyekezwa komhlaba kusekelwe kwitekoloji yemveliso, kwaye nenzame zophando zigxininise ekukhuliseni isivuno okanye ekucutheni indleko yeteknoloji zokutshintsha kwemozulu kwimveliso yezityalo nezilwanyana.

Ingxelo eqokelelweyo ngamafama amnyama yingxelo yeCandelo njengoko esi sigaba singafakwanga ngokweNkcukacha-manani eMzantsi Afrika. Le ngxelo ikule ngxelo iqokelelweyo ibonise ukuba iyimfuneko ukuthatha izigqibo zolawulo. Mayela nezigidi ezi-R3.8 eziyimali-mboleko zaziphuma kumaziko okubolekisa iMicro Finance eMzantsi Afrika (MAFISA) zaphunyezela amafama amnyama amancinci nashishinayo eNtshona Koloni. La mafama ancediswa lulwazi lwezoqoqosho ukuxhasa inkqubo yokusebenzisa kwaye kubekwe iliso ukunciphisa ukungahambi kwendlela zokuhlawula.

Eminye imisebenzi eAE ejoliswe ngqo ekuqinisekiseni ukubuyekezwa komhlaba okuyimpumelelo iquka inkxaso yokugcinwa kweencwadi kuquka izicwangciso zokwandisa lo msebenzi kwiPhondo lonke liphela kunyakamali ka2012/13. Kuveliswe uphando olungamaphepha angama-43 ezoqoqosho (uvavanyo lwefuthe, izifundo zokusebenza kakuhle, izicwangciso zoshishino, uphando ngendlela yokusebenza kunye neenkqubo zotyalomali nophuhliso okanye zihlolwe). Le misebenzi yayiyeyokubuyiselwa komhlaba nabaxhamla kwezolimo.

Enye inkqubo ekujoliswe kuyo mayela nokubuyekezwa komhlaba Yinkqubo Yokufikelela Kwimakethi. Ngeenkqubo zongenelelo ezahlukeneyo kwafunyanwa imali ezizigidi ezili-R12 ngabaxhamle kubuyekezo lomhlaba. Inkqubo le yabonisa ukuba kuyimpumelelo ukusebenza nezinye iinkqubo zeCandelo nangokuncedisana kubuyekezo lomhlaba.

Ukuncedisa Inkqubo Yokufikelela Kwimakethi kuqhutywe uphando ngentsebenziswano neYunivesithi iWage ningen yaseNetherlands kunye neYunivesithi yaseFort Hare. Le nkqubo inenjongo yokuphucula umgangatho wesixokelelwano sesixokelelwano sokutya. Uphando oluqhubayo ngoku lujolise ekudaleni izinto ezintsha kubume becandelo, uququzelelo neenkonzozenxaso eMzantsi Afrika nesixokelelwane seziqhamo ukuphucula iindlela zokufikelela kwimakethi, ukubuyekezwa komhlaba nemihlaba yokubuyekezwa komhlaba namafama amncinci

I-SAT nenkqutyana engqalileyo: Imfundo Yamabanga Aphakamileyo (FET)

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

ngokusebenzisana neFSD yanikela izakhono zeenkqubo kwabo baxhamla kwiNkqubo Exhasa Inkqubo Ephelileyo Yezolimo (CASP)/Icebo Lokuhlangabezana Nokufumaneka Komhlaba(PLAS). Inani labantu abafumana uqoqosho babali-1940, uninzi lwabo babengamafama okanye bencedisa efama ngemali kunye/okanye maqela maafama amancinane.

c) Ukuxhasa isolotyeli eli (amafama noshishino) ukwandisa imveliso yezolimo (ubutyebi obuphambili kwiphondo) okungenani nge-10% kwiminyaka elishumi (10) ezayo

Zonke iinkqubo zeCandelo zinegalelo kwinjongo ezichazwe ngentla. Igelo lahluka ngokweNkqubo, kuba ezinye iinkqubo (Ulawulo Lwezixhobo Zokusebenza (SRM), Uphuhliso Lweendawo Zasemaphandleni (RD), linkonzo Zonyango Lwezilwanyana (VS), kunye Noqeqesho Olumiselweyo Lwezolimo (SAT)) zidlala indima yokuxhasa, ngeli xesha (Inkxaso Yamafama noPhuhliso (FSD), Ubuchwephesha, linkonzo Zophando noPhuhliso (TRDS) kunye noQoqosho Kwezolimo (AE)) zinefuthe elingqalileyo kule njongo ingentla.

I-SRM inikezele ingxelo engonkcenkceshelo kumafama onkcenkceshelo ali-162 ukuwanceda ukuba asebenzise izixhobo zokusebenza zendalo ezifumanekayo ukwandisa imveliso ngexesha kusetyenziswa amanzi asisabelo. Amafama ancedwa ngaphezulu ngeendlela zolondolozo nezobuchwephesha ezili-141, ama-4 ancedwa ngokongeza ixabiso lefama, izizkhundla zefama ezingama- 87 nokuphathwa kwezilwanyana kunye nokhuselwa kokhukuliseko lweendonga zomlambo ngamanyathelo angama-45.

I-FSD izinikele ixesha leyo ekomelezeni indlela yamafama yokuxhasa iinkonzo zamafama kwiPhondo. Oku kuqulathe ukunciphisa iindlela ezisebenzisa ubutyebi obufana Nezilwanyana Zasemanzini, Imveliso Zobisi, Iziquhamo, Ukutya Okuzinkozo, Imveliso Yezilwanyana (Inyama Ebomvu, Ihagu, Igusha/Uboya), Ushishino ngomdiliya Nemifuno elinokuthi iCandelo lihlangane kuvavanyo ukuqwalasela imiba ngokubaluleka kwayo, indlela yokusebenza, inkxaso nemigudu yokuhlola imigudu yezolimo. Le ndlela yalungiselelwa ukuphumeza izicwangciso, uzinzo lwezoqoqosho neefama ezixhaswa ngurhulumente kunye nokuhlanganiswa kwecandelo kwixesha elide. Kunyakamali ka2011/12, kwamiselwa ihekthare ezingama-20.3 zediliya yetafile nomyezo wediliya yewayini ozihekthare ezingama-42.4 kunyene hekthare zomyezo wediliya ezingama-93.3, iinkozo zizhekthare ezili-grain 1703.9 kunye nemveliso yemifuno ezihekthare ezili-151.2 ezixhaswe ngenxa yale ntsebenziswano.

Ukuxhasa olu hlobo lokudala ubutyebi, iCandelo labamba iindibano zekota ezinendlela yokwenza ubutyebi kunye nabathatha inxaxheba kwiPSO11, Amaqela Omsebenzi 1 (ukwandiswa kwemveliso) kunye 5 (nokuvuselelwa koLwandiso) okwabanegalelo ekuphumezeni Umphumela 1 kwiMiphumela kaZwelonke (NO) 7. Njengexalenye yale ndlela yokudala ubutyebi, abafundisangobutyebi banike inkxaso ekhethekileyo ukongeza kwiinkonzo zokuxhasa neengcebiso kwiCandelo. Oku komelelwa kukusetyenziswa kwesmart pen njengondoqo wokudala amathuba okundwendwela iisayithi efama.

Uqeqesho nophuhliso lwamafama yinxalenye yeenkonzo zethu kwaye iinzame ekuboniswene ngazo zenziwa ukuphucula umgangatho wocwaningo lwezakhono olwaqhutywa ukuze kufunyanwe iimfuno ezingundoqo. Oku kwakwenza ukuba iFSD iphendule kwiimfuno zoqeqesho ngeenkqubo zayo zoqeqesho kwaze kwaxhamla abantu abali-1 400.

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Indlela yowatya ubutyebi yaba negalelo ekuphuculweni kwamphulo okucwangcisa, kodwa yaba nesiphumo esikukuxhasa inkxaso kumafama, nto leyo ibaluleke kakhulu 'ekupaseni' kwamafama amancinci abengamafama amakhulu ashishinayo. Iqale ukukhupha iziqhamo kumaphulo aphunyeziweyo ate abelwa abaqeqesha abasebenzi emva kokuxhotyiswa ngezakhono. Kwaqeshwa abaqeqesha abanye emsebenzini abangama-shumi anesithathu asibhozo(38) kulo nyakamali ukuqinisa imveliso. Intle le nto kuba inika amafama ithuba lokuzusa kolu nxibelelwano namaqela okudala ubutyebi. Le ndlela yokusebenza yanceda ukulungisa imiba ehambelana nomgangatho wokuvelisa yi loo nto isebnza njengokuvula iminyango yamathuba emakethe. Ngaphaya koko kwabanjwa imiboniso engama- (83), iintsuku zamafama ezingama(29) kwanikwa nengcebiso enikwe amafama yaba negalelo ekukhuleni kwemveliso.

Kwanikezelwa ngeenkono zokukhathalelwa kwempilo yezilwanyana namafama emfuyo. Ezi nonz ziquka ukuvavanywa nokugonywa kukhuselwa izilwanyana kwizifo eziinzi ezahlukeneyo. Ngaphaya kwamafama ngamawaka amahlanu (5 045) kunye nabanini mfuyo banikwa izilwanyana ezinikwe iinkono zePAHC kunye nama-95 880 ezilwanyana ezithe zakhathalelwa ngokuhlolwa kwempilo okanye ngokugonywa.

Inkqubo ezimbaxa nezigxile kubathengi kunye namaphulo aqhutywa ngamaziko Ezilwanyana neMveliso Yezilwanyana, kunye Nokusetyenziswa Kwezixhobo Zokusebenza. Ukuze abavelisi bezolimo (amafama oshishino namafama aneefama ezincinci) bakwazi ukwandisa imveliso yabo, kufuneka kuqondwe imiba ebalulekileyo: iteknoloji enegalelo elincinci (igalelo elixabisa kancinci) nesiphumo esikhulu (imveliso) iteknoloji, ngeli xesha ukuhlala kusaziwa nemiceli mngeni yokutshintsha tshintsha kwemozulu. Indima yophando nophuhliso kulo mba ubaluleke kakhulu.

Iteknoloji entsha nelungiselelweyo eyenziwe ngeenzame eziphambili zophando bezikade kwaye zizakuqinisekisa ukuba abavelisi bethu bazinzile kwaye banako ukhuphisana ngezixhobo zendalo zokusebenza (ingakumbi amanzi) kwaye ukutshintsha tshintsha kwemozulu kwakuqinisekisa ukuba ukutshintsha kosingqongileyo kuza kwandisa imveliso yezolimo nge-10% kwiminyaka elishumi elandelayo. Imveliso yezolimo ehambelana notshintsho lwemozulu lwakuba ngundoqo ekusebenzeni kwezolimo. Ezolimo zibaluleke kakhulu ngenxa yokutyeba kolwazi kwanokuba nkulu kwendima edlalwa kukwazi banzi ngayo eMzantsi Afrika, kwaye inzululwazi neteknoloji nophando njengondoqo wesiseko kwaye zibaluleke kakhulu ukuphicotha nokucacisa ukukhula kwezoqoqosho nokthetha ngokhuseleko lokutya kuphuhliso lweendawo zasemaphandleni. Uphando ngezilwanyana lususelwa ekukhuliseni, ekutyiseni nasekulawuleni imfuyo enkulu (imveliso zobisi), imfuoyo emfutshane (iigusha) kunye neenciniba, ngeli xesha uphando lwezityalo luquka ukutya okuzinkozo, imbewu yeoli kunyenezityalo ezityebileyo kwiprotheyini, imifuno nezityalo ezizezinye kunye nezityalo zamadlelo.

Ngokusebenzisana noMgaqo nkqubo Wokutya Nezolimo (BFAP), kwaqhutywa uphando ngobume bezoqoqosho, ingakumbi ukujongwa kwendlela yokusebenza kwithem ephakathi, ixabiso nemveliso kushishino lwezolimo ngokwambakala awohlukeneyo ukuze kube lula ukuthatha izigqibo. Ibhaskithi yendlela zoshishino ziquka iindlela zokubona ushishino luphinda phindekile eminyakeni embalwa njengemodeli entsha zaphuhliswa, ngeli xesha zigcine iimodeli zeshshini. Oku kwaquka idiliya zetafile, ama-apile, amapere, iwayini, ukutya okuzinkozo kwasebusika, imveliso zobisi, inyama neetapile. Kwamiliselwa okwesibini umqulu osisieko eNtshona Koloni.

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

Isixhobo seBFAP, sivavanywe ngezolimo kwaye sikhupha iindlela zozinzo, ezithelekiswayo, ukuqelaniso ingxelo ngeendlela zokufama kwiifama ezithile (indlela zemveliso, ixabiso lemveliso, ukhuphiswano, uphuhliso oluzayo). Isixhobo esilandela indlela efanayo esetyenziswa kwindlela yeMicro Combud kwaye igcinwe liCandelo. Kangangokuba, kwabelwana ngeMicro Combud kunye nabaphuhliso baseJamani ngoJuni ka2011 ukusebenzisa njengesisekose modeli yezifundo ngezityalo kwihlabathi. Inkqubo yeMicro Combud iye yakhula eminyakeni njengokuba iteknoloji itshintsha kwaye indlela eseklwe kwiweb yasetyenziswa ngonyaka ka. Kangangokuba, kwaphuliswa amaphulo angama-35 kunye nail-14 aqhubekayo naza kuhlaziywa.

Uphando oluqhutywe yinkqutyana: Inkxaso Yoqoqsho Olukhulu lube neziphumo zemibiko engama-43. Iingxelo eziqokelelwe yozingama-(34) nezithe zagcinwa yiAE zingundoqo ekuxhaseni iNkqubo yohlaziyo olwenizwa yoNkqubo kunye namaziko ahlukeneyo Kangangokuba kuphendulwe izicelo ezili-14 enyakeni.

I-SAT yasebenzisana nabathathi nxaxheba abohlukeneyo ekukhuliseni nasekukhuthazeni inkxaso yokuphuhliso lwezakhono nokuxhotyiswa ngezakhono. Kwaqeqeshwa amafama ali-1940 nambancedisi basefama, ngeli xesha kwabhaliswa abafundi abangama-438 kwiinkqubo zezifundo kwimfundo yamaziko aphezulu. Abafundi abali-128 baphumelela izidanga zabo kwezinkqubo. Aaba baphumelel ezi zifundo bakungena kule nkalo bengamafama, abalawuli beefama, abanceidis babalawuli beefama, iinkokheli, oochwephesha kwezolimo nabacebisi kwezolimo.

d) Qinisela ukusetyenziswa okuzinzileyo kwezixhobo zokusebenza ezizinzileyo ngokusebenzisa iindlela zolondolozo ukunyusa imveliso yezolimo

Zonke iinkqubo zeCandelo zibe negalelo kwinjongo engentla. Igalelo lahluka ngokwenkqubo, ngoluhlobo iNkqubo (iNkxaso yaMafama noPhuhliso (FSD), Uphuhliso Lweendawo Zasemaphandleni (RD), Uqeqesho Lwezolimo (AE), linkonzo Zonyango Lwezilwanyana (VS), Noqeqesho Olumiselweyo Lwezolimo (SAT)) zidlala indima exhasayo, ngeli xesha ezinye (Ulawulo Lwezixhobo Zokusebenza Oluzinzileyo (SRM), Ubuchwephesha, Uphando Neenkonz Zophuhliso (TRDS) zinefuthe elingqalileyo kwinjongo engentla.

I-SRM yanikezela ngolwazi olungqalileyo kubankcencesheli abali-162 ukunceda ukukhulisa indlela eyiyo okusebenzisa amanzi ukuvelisa izityalo ezininzi kusetyenziswe amanzi amancinci nolwazi olwaneleyo kumafama alima ukutya okuzinkozo neti ibholani kusetyenziswa manyathelo ali-141 ukutshintsha ulimo lohshishino lube lulimo lolondolozo ukunyusa ukutyeba komhlaba nokugcina ukufuma. Kwaqhutywa amaphulo asi-7 okwazisa uLandCare namacweyo ama-6 okuxhobisa abantu ngolwazi. Kwaphunyezwa iihekthare zomhlaba wolimo ezingama-2 110 ngokusetyenziswa kolondolozo nezicwangciso zeefama ezingama-314 zahlaziywaukuzinzisa iinjongozolimo.

Iyunithi yeCandelo Lokuncedisa Ubuchwephesha besebenza ngokupheleleyo kwaye inikezela iinkonzo zokucwangcisa nokuvavanya izakhono eziquka izixhobo zovavanyo zezixhobo zendalo nokusingqongileyo. Injongo kukuqinisekisa ukuba uvavanyo nesicwangciso semigudu yezolimo zilungisa ngokupheleleyo imiba yozinziso lwendawo ezisingqongileyo nemiba yemali.

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Inkqutyana: Inkqubo yokukhuseleko lokutya isutkheyisi yomelezwa yingqiqoye "Foodpods". Le ndlela yokulima yenza amakhaya akwazi ukuvelisa ukutya kusetyenziswa amakhreyithi ngoko ke kulondolozwa amanzi.

Ukwandiswa nokukhutshelwa kobuchwephesha kuncediswa ngokuxhobisa abanini mfuyo ngomyinge wempahla omawutye kwidlelo ngalinye, ngoko ke kubakho iziphumo ezihle ngokusetyenziswa kwamdlelo.

Imiceli mngeni yokutshintsha kwemozulu sezibe nefuthe kwiNtshona Koloni, kukholelwa ekuthini iza kuchatshazelwa ngulo mba. Ngenxa yesi sizathu iTRDS yazibona inemfuneko ephezulu yophando nophuhliso lweenkonzo zobuchwephesha ukunceda amafama ukuzinzisa imveliso yawo phantsi kwemiceli mngeni yotshintsho-tshintsho lwemozulu (umzekelo ngumba wokunqaba kwamanzi eMazantsi eKapa kunesiphumo samadlelo nokufumaneka kokutya kwezilwanyana). I-TRDS yandisa ingqwalasela yayo kutshintsho lwemozulu nemiba yophando oluhambelana nezifundo zayo, kuquka ukungalimi okanye ukulima nje kancinci ukulondoloza umhlaba, ukulinywa kwezityalo ukuze imveliso ibe ninzi, ukusetyenziswa kwesichumiso, iindlela ezizezinye zolimo kunye neendlela ezithile zokulima izityalo eNtshona Koloni.

Kwenziwa iintetho ezingamaphepha amabini kwiNgqungquthela yeManyano yaseYurophu kuOqoqosho Lwezixhobo Zokusebenza Kokusingqongileyo (EAERE) 2011 eRome. Injongo yayikukuvumela uhlaziyo ngabalingane ukongeza ixabiso nomgangatho ukuqinisekisa umgangatho kuphanod olwaqhutywayo. Kwenziwa imisebenzi yokusasaza iinkonzo kuquka iintetho kunomathotholo ngebhayogesi nemizila yekhabhoni elingene ifama, kunye nomhlathi "amanzi nezolimo: uphuhliso olubalulekileyo lweendawo zasemaphandleni". Ingxelo engaphaya ngemisebenzi yokusasaza imisebenzi iquka isifundo esenziwa lundwendwe kwiklasi Yoqoqosho Kwezisingqongileyo kwiYunivithi yaseStellenbosch, izifundo ezine kubafundi baseElsenburg College kunye enephepha lomgaqonkqubo, weTIPS kuBomi Benzuzo yeNdalo Kwithafa leAgulhas eyathi yabhalwa ngabantu abaninzi.

Kwneziw kwagqitywa uphando oluphelelyo lwemizila yendlela yokusebenza kwiCandelo. Kwabhaliswa izifundi zePh.D. kulawulo lokuhlaselelwa kwemfuyo eKnersvlakte isiphakamiso sesigqityiwe saze sfakwa kwiYunithi Yomgaqonkqubo Wophando ngezisingqongileyo eYunivesithi yaseKapa.

Ukukhuthazwa kweendlela zokuphuhlisa nokuququzelela ukulima kudala ithim esembindini yokufundisa beFET neHET. Inkqutyana: Inkqubo yamabanga apahezulu (TE) yanikezela ngoqeqesho kumfundi ukusuka kunyaka wokuqala ukuya kowesithathu kulawulo lwezixhobo zokusebenza. I-asayimenti yeDiploma ngolawulo lwezixhobo zokusebenza ibala ama 40% kumanqaku okugqibela napheleleyo. Iimodyuli zeendlela zolimo ezinzileyo, kuny enolawulo lweefama ze-oganikhi kunye nolawulo lwezixhoba zendalo zokusebenza zibe yinxalenye yesiseko sokufunda neenkqubo zokufunda.

e) Khuthaza amathuba oqoqosho kwezolimo kwiindawo ezithile zisekelwe kwiimfuno zemeko zoqoqosho kwixesha lemnyaka eli10

Zonke iinkqubo zeCandelo zinegalelo kwezinjongo zichazwe ngentla. Amagalelo ayohlukana ngokweNkqubo, kuba eziNkqubo (Inkxaso Yamafama noPhuhliso (FSD) kunye

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

Nophuhliso Lweendawo Zasemaphandleni (RD), ukudlala indima indima yokuxhasa, ngexesha ezinye (Ulawulo Lwezixhobo Ezizinzileyo (SRM), Iteknoloji, linkonzo Zophando Nophuhliso (TRDS), Uqoqosho Lwezolimo (AE), linkonzo Zonyango Lwezilwanyana (VS), noQeqesho lwesimo Sezolimo (SAT)) zinefuthe elingqale kwinjongo engentla.

Icandelo lavuyisana neMini Yokutya Kwihlabathi nge14 kaOkthobha ku2011 eDoringbaai. Inxalenye yokuvuyisana nalemini iCandelo lixhase amakhaya angama-48 ngepakethe zemveliso kusetyenziswa ingqiqi ye"Foodpods", kuvunyelwa imizi emininzi ukuvelisa ukutya kwawo kulandelwa ikreyithi. Ukongeza, imizi efanele ukufumana ukutya axhaswa ngeenkuku zasemaphandleni ukuphucula indlela yokufikelela kwiprothe yini yezilwanyana. Kwamiselwa amaphulo oluntu angama-51 kumaPhondo onke axhamle kumaphulo ali-1091. La maphulo aqhutywa ngentsebenziswano neQela Elisebenza Ngokhuseleko Lokutya noMasipala.

Inkqutya: Ukhuseleko lokutya, kwaqhutywa uphando Ngomhla Wokutya kwihlabathi ukuvavanya inkqubela phambili eyenziweyo kumaphulo axhaswe ukususela ngo 2007. Uphando lwafumanisa ukuba kuxhaswe kwimizi engama-240, njengenxalenye yokuvuyisana neMini Yokutya Kwihlabathi, imizi eli0-149 (62%) isenemveliso. Xa kujongwa imeko exakekileyo yokungaqiniseki ngokhuseleko kokutya emizini.

Iinzame zokulawula ukughabhuka koMkhuhlane iAvian eEden kwakuqinisekisa ukuba ushishino ngeenciniba luyakhula kwakhona kwaye luyaphumelela ethubeni kwaye imiba yefuthe lemali kumasipala wengingqi llehla ngandlela thile.

Iinzame zokulawula ukughabhuka koMkhuhlane iAvian eEden kwakuqinisekisa ukuba ushishino ngeenciniba luyakhula kwakhona kwaye luyaphumelela ethubeni kwaye imiba yefuthe lemali kumasipala wengingqi llehla ngandlela thile.

Ukumiselwa kwemigudu yezolimo kwindawo zasemaphandleni ezixhaswa yipotfoliyo luphando nophuhliso kwiCandelo. Oku kuza kuquka izixhobo zokuthatha izigqibo (oko kukuthi; uhlalutyo lomngcipheko namandla) nokusetyenziswa kwezixhobo zendalo ezisemthethweni ukuqinisekisa imveliso ngoncediso oluncinci.

I-AEidlale indima ephambili kwiintlanganiso Zokuphuhlisa Kweendawo Zasemaphandleni. Iyunithi Yotyalo mali Kushishino-Ngezolimo yaba negalelo elibonakalayo ukuphumeza injongo yeYunithi ezibophelele kutyalo mali oluzizigidi ezingama-R82 kwini lamaphulo kwiindawo zasemaphandleni.

Nanjengoko ingqesho ingundoqo kwicandelo lezolimo, ingakumbi kwiindawo zasemaphandleni, kwaqhutywa uhlalutyo lweendlela zengqesho neephatheni. Ezi ndlela ziquka umbiko "indlela ecacileyo yokuqesha kwezolimo". Uhlalutyo olucacileyo sisixhobo esibalulekileyo ukufumana nokubala imijikelo yexesha elide nelifutshane kwixesha lokwenza ingxelo eqokelelweyo.

Ingxelo eqokelelweyo ephantsi kwe-AEibalulekile ukubeka iliso kwiindawo zasemaphandleni. I-AEidlala indima ukubonakalisa ukubaluleka kokhenketho-kwezolimokunye nokufuya izilwanua zasendlenjengomnye wemisebenzi ebaluleke kakhulukwiyantlukwano yeendidi ezahlukeneyo zokufama ukuphuhlisa inzulokusetyenziswa ingxelo eqokelelwekwingxelo eqokelelweyo.

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

I-SAT isebenza nophuhliso lwezakhono zendawo zonxibelelwano ezikwindawo ezisemaphandleni zephondo, ingakumbi Kwinkqubo Embaxa Yphuhliso Lweendawo Zasemaphandleni (CRDP) nodes. Kuxhamle abantu abangama-71 kwiCRDP yaseDysselsdorp CRDP ngokuthi baqeqeshwe kwiikhosi ezahlukeneyo. Aze amalungu angama-32 afumana uqeqesho kwiBhunga laBaxhasi ngexesha loqeqesho kwaye kusekhi ikhosi ezintathu (3) ezizakuqhutywa ethubeni.

Kwaqalisa ukusetyenziswa iCRDP yaseMurraysburg noqeqesho leBhunga laBathatha Inxaxheba CRDP nza kuqaliswa ngo2012.

I-RD ibe negalelo lokuqalisa ukusebenza ngeendawo zonxibelelwano ezimbini ezikwindawo zasemaphandleni, loo nto isenza iindawo zonxibelelwano zibe sibhozo (8) kwiPhondo. Iinkqantosi ziquka:

- Umasipala wase-Oudtshoorn (Dysselsdorp);
- Isixeko saseKapa (Mamre);
- Umasipala waseMatzikama (Ebenhaeser);
- Umasipala waseWitzenberg (Bella Vista);
- Umasipala waseBeaufort West (Murraysburg);
- Umasipala waseBitou (New Horizons);
- Umasipala waseTheewaterskloof (Villiersdorp), no
- Masipala waseMossel Bay(iindawo zasemaphandleni ezilithoba).

Ukuza kufikelela ngoku kwabhaliswa maphulo angama-221 ngenkqubo karhulumenete esebenzakakuhlekuqukanokunikaigalelokwizigaba ezithathuzikarhulumente, ngesibonelelelo semali esizizigidi ezingama-R301.171 eyasetyenziswa kwade kwasekupheleni konyakamali. Ngaphandle kwendawo zonxibelelwano ezisanda kumiselwa zaseTheewaterskloof naseMossel Bay, amathuba emisebenzi exeshana angama-416 adalwa, kusondezwa itotali oko kwaqala olupuhliso lwamphandle kwi-1 301 ngeli xesha kuvulwa amathuba oqeqesho angama-798, itsho loo nto yenze i-1 453.

Ngokwemiba yokuphuhlisa abasebenzi basefama kwaqeqeshwa abasebenzi basefama abali-1666 kwizakhono ezihambelana nentsebenziswano neNGOs neSAT, namaphulo ali-9 afundisa ngobungozi kokusetyenziswa kwezinyobisi, kwaza kwabanjwa ukhuphiswano lwabasebenzi basefama kwiingingqi ezili-14 ngempumelelo, izinto zaziququzelelwa kwiintlanganiswa ezaba li-16 aphokwakuncediswa abasebenzi basefama abangama-651 bancedwa ngokuthunyelwa kwiindawo zoncedo.

2.5 Amavandlakanya ngonikezelo lweenkonzo ku2011/12

Eyona nkonzo ingundoqo	Ingxelo engqameneyo
Ukunikezela ngenkonzo yokuxhasa ezobunjinieli ukuphakamisa iinkqubo zolimo ezivumelana nemeko yendawo ukuqinisekisa uzinzo ngokusebenzisa ulondolozo kwezolimo, ukuthintela ungcoliseko lomhlaba nemisebenzi yezolimo nokukhuthaza ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela efanelekileyo kuamafama onke.	Kwaqhutywa ngamanyathelo enxaso angama-409 (imibiko yophando, ukwakha & iziqinisekiso zokugqiba) kubathengi bethui-160 kuwo yayingamanyathelo eNkqubo yeCASP/Abaxhamla kubuyiselo mhlaba nenkqubo zolimo (LARP). Abathengi abangama-214 banikwa ingcebiso noqeqesho kwezobunjineleli basefama ukuze bakhulise imveliso yabo baza abali- 162 banikwa uqeqesho lokukhuthaza indlela yokusebenzisa amanzi gnokufaneleki-leyo.

ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

Ukunikezela izisombululo zolawulo oluzinzi-leyo lwezixhobo zokusebenza kunye neendlela zokusebenza kweenkonz zobunjinieli kw-ezolo neenkonzo zeLandCare, unxibelelwano oluhlangabezana nabantu, uququzelelo kunye nokumiselwa kwamaphulo nokusetyenziswa kweteknoloji.	Kwaqhutywa amaphulo okwazisa asi-7 ngeLandCare kwazekwabanjwa amaphulo okuxhobisa abantu ama-6. Kwaphuhliswa iihethare zefama ezingama-2 110 ngokusebenzisa ulondolozo kwaze kwahlaziywa izicwangciso zefama ezili-314 ngeenjongo zolimo oluzinziyo.
Eyona nkonzo ingundoqo	Ingxelo engqameneyo
Ukulawula iziqinisekiso, uphando, izicwangciso, ukwakha nokusebenzisa isibonelelo sentlekele kumafama nokunika uncedo lweobuchwephesha ngexesha lokuvuselela.	Phakathi enyakeni, amaphulo amabini okuncedisangethuba lentlekele oko kukuthi, Izikhukula zika2008 nephulo lembalela yeaseEden ka2010. Kwakhutshwa iileta zesigunyaziso ezingama-2 464 zikhutshelwa amafama ali 083 ukunedisa ukumelana nemimandla ebethwe yimbalelaKumbindi weKaroo neKlein Karoo. Kwafakelwa/kwaphuhliswa/kwaphuculwa umganagtho wezitokhwe zesistim ezingama-87 njengenxalenye yeskim sokuncedisa ukulwa nembalela. Ngokupheleleyokwahlawulwaizigidi ezingama-R27 ukuncedisa ukulwa nembalela ukussela oko saqaliswa esi skim, kuhlawulwe izigidi ezingama-R24.9 kunyakamali ka2011/12. Imali eyabelwa amaxesha entlekele ezizigidi ezili-R34.5 ngo2008 yasetyenziswa yonke ngoMatshika 2012 ukwakha iindonga zomlambo ukuthintela ukhukuliseko lomhlaba wokulima. Isixamali esizizigidi ezingamaR21.5 sabhatalwa kulonyaka mali. Kwakuqhutywa nezi zkim zozibini kunyakamali ka2012/13.
Ukunikezela inkxaso yenkonzo ukukhuthaza indlela ezinzileyo yokusetyenziswa kwezixhobo zokusebenza zendalo kwezolimon-gokungqonge imeko Yokutshintsha Kwemozulu.	Kongezelelwa ixesha elisetyenziswayo ngokusebenzisa web yokugcina ixesha, abanikwa ingxelo ngayo abasebenzi qhongeveki ngendlela eyiyo yokusetyenziswa kwamanzi kunyenemida yokukhulisa izityalo esi-7, yandiswa ukuze zonke izityalo ezikulo mmandla zikwazi ukufotwa yisathelayithi. Iphulo leFruitlook laqala ngomhla wo-1 kuOkthobango2011 kwaye iza kuqhuba kude kube ngomhla wama-30 kaEprelingo2012. Kwanikezelwa ngenkxaso avelisa iinkozo kumhlaba owomileyo namafama eti ibholani kusetyenziswa amanaythelo ali141ukutshinstha kusukwa kwindlela zokulima ukuya kwiindlela zokulondolosa umhlaba ukuze umhlaba utyebe kwaye ugcine ukufuma.
Ukuthintela ukumisela ngokwenkalo umhlaba wezolimo ngokwenza intetho ngokomthetho sisekelo wegunya elichaphazelekayo ngokwendlela yokusetyenziswa komhlaba.	Kwahlolwa izicelo ezingama-932 zokwahlulahlula nokucanda umhlaba wezolimo kwenziwa nentetho kwabo basegunyeni angqamene nokusetyenzwa komhlaba nolimo.

ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Eyona nkonzo ingundoqo	Ingxelo engqameneyo
<p>Ukukhuthaza ukukhuseleko lokutya nemigudu ezinzileyo yezolimo ukudala eyona mveliso iphezulu kwezolimo ngokuxhasa amanyathelo okubuyiselwa komhlaba (Inkqubo Embaxa Exhasa Ezolimo(CASP)/Ukunikezelwa komhlaba noPhuhliso Lwezolimo (LRAD)) nenkqubo zokwandisa ukuvuselelwa komhlaba.</p>	<p>I-FSD yavavanya iifama ezili-105 eyathi yaphumela kwezinye iimo zobonelelo ngemali kwezinye imo kwaye yaxhamala ingakumbi abo babuyiselwa umhlaba. Ukongeza koku, iFSD yanika igalelo kwizicwangciso zokusetyenziswa komhlaba ezingama-80 kwaza kwaphunyezwa izicelo zoncendo zamafama akhulayo ezili-128, angama81 kuwo yayingamafama amancinci. Ngaphaya koko, kwagqitywa imibiko yokubeka iliso engama471 ichaza ngokubuyiselwa kwemihlaba namaafama kubaniniwo.</p> <p>Le mithombo ilandelayo ixhaswe kulo nyaka ngezibonelelelo zeCASP nellima\Letsema:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Izilwanayna zasemanzini, ● Imvellis Yobisi, ● Iziquhamo, ● Iinkozo, ● Ushishino lwezilwanyana (Inyama ebomvu, Ihagu, Iigusha/Uboya), ● Ukulima iidiliya, kunye ● Nokwenziwa inzuzo ngokutya. <p>Kwaxhaswa maphulo angama-49eCASP kwaza kwaxhamla abantu abali-1 691. Ngenkqubo yellima\Letsema kwaxhaswa ngemali amaphulo angama-839 aquka amaphulo okhuseleko lokutya emizini ekuxhamla kuwo abantu abangama-2 858.</p> <p>Kulo nyakamali, kumiselwe le mimandla yemveliso ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● 20.3 iihazomhlaba weediliya ● 42.4 iha zesidiliya yokwenza iwayini ● 93.3 ha zamabhoma eziqhamo, ● 1703.9 ha eenkozo ● 151.2 ha zemveliso yemifuno <p>Ngokusebenzisa Inkqubo Yokwandisa Ukuvuselela Kwezolimo(ERP) kuthunyelwe esikolweni Abasebenzi abalishumi Kuluntu Lwezolimo abafundi abali10 abathandathu(6) kubo bafunda bucala abane bafunda ngokupheleleyo (4). Abali(12)Abacebisa Ngezolimobagcibe izifundo zesidanga kunye nemfundo enomsila ekupheleni kuMatshi ka2012.</p>
<p>Thintela kwaye ulawule izifo zezilwanyana, ququzelela ukuthumela izilwanyana kunye nemveliso yezilwanyana kumazwe angaphandle, nikezela ngeenkonziso zonyango nokuxilongwa kwezilwezinyana kuqinisekiswa ukhuseleko lwenyama nemveliso zenyama ngokusebenzisa, phakathi kwezinye izinto, Umthetho Wokhuseleko Lwenyama (Umthetho wama-40 ka2000), Umthetho Ngezifo Zezilwanyana (Umthetho wama35 ka1984) kunye neminye imithetho ehambelana nalo</p>	<p>Ukugqabhuka kwesifo iAvian Influenza esahlasela iinciniba sakhawuleziswa saba phantsi kolawulo ngokuhlola nokuxhela iincinba ezingama45 000.</p> <p>Ukugqabhuka kwesifo iAfrican Horse Sickness eMamre kwaba phantsi kolawulo ngokumisela ukulawula intshukumo okungqingqwa kunye nokugonyana zonke izilwanyana ezirhangqe nezihlala kulo mmandla.</p> <p>Ukugqabhuka kwesifo iRift Valley Fever kwaba phantsi kolawulo ngokusebenzisa iinkonziso ezongelelweyo ezithi zinikwe amagosa onyango lwezilwanyana. Amagosa agonyana izilwanyana zamafama aneefama ezincinane ezingaphezu kwama-8 500.</p> <p>Kwahanjelwa iindawo zokuxhela ezingama-433 ukuqinisekisa ukhuseleko lwenyama kubatheng ngokuqwalasela nokuhlola imiqathango yococeko kunye neenkqubo zokuxhela.</p> <p>Ngeenzame zokuvala isikhewu kunikezelo lweenkonzo oludalwe kukurhoxa kwemisebenzi yokuqinisekisa kweDAFF, esebenza nzima ngendlela yokusebenza kweNkqubo, nangona kunjalo kuya qhutywa nenkonzo yokuthumela iimpahla kwamanye amazwe.</p>
<p>Ukunikezela ngeteknoloji ekwiqondo eliphezulu kumafama asakhulayo nangosomashishini nabanye abachaphazekelayo ngokusebenzisa inkqubo ejolise kubathengi nophando oluqwalasela ingxaki nepotfoliyo yophuhliso lweteknoloji oluqhutywa ngaMaziko Ezilwanyana neMveliso yezilwanyana, Imveliso Yezilwanyana nokuSetyenziswa Kwezixhobo Zokusebenza</p>	<p>Udaba lokunikezelwa kweenkonzo lwaquka ukusebenzisa amaphulo okusombulula ingxaki namaphulo ophando ngokuthethana noshishino olungqamene nala maphulo kumanqanaba namaqoqo awohlukeneyo kunye neeseshoni zonxibelelwano. Kwavunywa amaphulo amatsha angaMashumi Amabini Anesibhozo, kwaqhutywa amaphulo angama-72 kwazekwagqitywa amaphulo ali-15.</p>

ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

Eyona nkonzo ingundoqo	Ingxelo engqameneyo
<p>Ukuhambisa ingxelo ngenzulwazi yeteknoloji entsha nonxibelelwano kusetyenziswa iipakheji ezinengxelo eqondakala lula, ngoshicilelo olufikelela kuluntu lonke nakumashicilelo enzululwazi, ngokusa ingxelo kumaqela athile nangemiboniso yasefama, "ukwenza iintetho kuhanjwa" efama nokwenza iintetho kunomathotholo</p>	<p>Ingxelo evela kuphando yasasazwa kubathengi bethunge potfoliyo yeteknoloji yokusasaza ingxelo, esuke kwiseshoni yomntu omnye ngexesha, ukwenza iintetho kuhanjwa, iintetho kunomathotholo (41), ukwenza ingxelo (205), kwenziwe imicimbi yokunikezela ngeteknoloji (14), kwimo zenzululwazi yokusebenzisa iteknoloji, kuquka amaphepha eenkomfa neepowusta (90), eziphantse zibe yinzululwazi (15) amaphepha enzululwazi (28).</p>
<p>Ukunikezela ngophando nangeenkono zokuxhasa izixhobo zophuhliso kumaziko amathathu ophando, ezinye iinkqubo zecandelo kunye namanye amaziko ophando asuka kwifama ezisixhenxe</p>	<p>Kwanakekelwa kwaze kwaphuculwa iifama ezisixhenxe ukuxhasa iinzame zophando kumaziko amathathu ophando, amanye amahlakanani ophando (umzekelo ARC) kunye naba bambiseneyo kwezoshishino.</p>
<p>Ukunikezela ngeenkono ezipheleleyo zoqoqsho kwezolimo ngokusebenza nesigaba sefama kunye nophando olukwinqanaba lefama, umfanekiso nophuhliso welngxelo engqokelelweyo, ukubeka iliso kwindlela esetyenziswayo ukwenza izinto kunye nokunikezelwa kwengcebiso noqeqesho kwiinkalo zokumaketha noshishino-kwezolimo, inanaba eliphezulu, inqanaba esilisezantsi, imveliso nezixhobo zokuqeqeshanga</p>	<p>Imisebenzi eqhutywe phantsi kweAE yaba nemibiko emininzi neyahlukeneyo (196) yahlukene kwezenzululwazi, ipahntse-ibe yinzululwazi, imibiko exhaphakileyo nemibiko engekho mthethweni eyenziweyo.</p> <p>linkonzo zenkqutyana: Inxaso yeShishino Lwezolimi noPhuhliso yafikelela kubathengi aba-1273. Ezi nkonzo ziquka ukufikelela kwinkxaso yemali, ukusasaza ingxelo ngemakethi, inkxaso yeAgri-BEE, amaqumrhu entsebenziswano nokugcinwa kweencwadi zemali. Iweb isekelwe Kwinkqubo yeMicro Combud Peyathi yaqhutywa gohlahlo lwabiwomali olungama-49 (olutsha laama-35 ne-14 ekhoyo) aphuhliswa. Isiphumo souk yaba zizifundo zoqoqsho ezingama-43. Ukuze kwandiswe ukuthumela impahla kumazwe angaphandle nokuhlanganisela maanyama naefama ezincinci kunye namafama oqoqsho kwisixokelelwano sexabiso-lezolimo kuxhaswe mayela nama-58 oshishino ngezolimo kumaphondo onke ukuze afikelele kwiimakethi kuze kubanjwe nemicimbi emine (4) kwihlabathi ukuvula iimakethi ezintsha eAfrika naseChina. Ukongelela le misebenzi kwaveliswa imibiko engama-61 ngeengxelo zemakethi. Ngoko ququzelelo lotyalomali, lyunithi Yotyalomali Ushishino ngezolimo luxabisa izigidi ezingama-R82 zamaphulo awohlukeneyo kulo nyaka.</p> <p>Inkqutyana: Kwagcinwa kakuhle imiba yezoqoqsho kunye nengxeli eqokelelweyo nesofwe ehamvelana nayo. kangakuba, ingxelo eqokelweyo eluluhlu olungama-34 iye yagcinwa. Oku kudaleukuba kuphendulwe izicelozengxelo ezili-174kulo nyaka. Uphando luqhutywe phantsi kwenkqutyana equkaamasolotyama amanzi nangona ingaphelelangakwaye isolotyalihlalutya, indlala, ingeniso, ukungalingani nengqesho kunye nezixhobo zokusebenza kwezo qoqsho xa kugxininiswa ukuvuselelwa kwamandla, uqoqsho kwezamanzi, noqoqsho lwebhayodayivesithi kunye nolondolozo. Yaba neziphumo zemibiko ezingama-43. Kwanikezelwa ngoqikelelo neemeko zeBFAP nentsebenziswanongokuphehlelela isiseko esabanjelwa eSomerset West ngoAgasti ka2011.</p>

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Eyona nkonzo ingundoqo	Ingxelo engqameneyo
<p>Ukunikezela ngenkqubo zoqeqesho ezisemthethweni nezingekho mthethweni kubasebenzi abanezakhono nabakwaziyo ukwandisa amathuba okukhulisa uqeqesho oluzinzileyo lwabavelisi abanako nabavelisa uphuhliso (iamli yesibonelelo-, amafama aneefama ezincinci namafama ashiasininayo) nabacebisi, oochwephesha nabasebenzi basefama ngokubanika uqeqesho kuse-tyenziswa iinkqubo zamaziko aphakamileyo (HET; NQF 5-7) kunye neMfundo Yamabanga Aphakamileyo noQeqesho (FET; NQF 1-4)</p>	<p>Aamziko Emfundo Ephakamileyo yaqhuba iinkqubo ezine 4 zoqeqesho olusemthethweni, iB.Agric; iDiploma neHigher Certificate in Agriculture kunye neCertificate in Horse Mastership kunye nePreliminary Riding Instruction kubafundi abangama-454. Kwaba bafundi, i-16 layeka ukufundangenxa yezi zathu ezahlukeneyo. Ezisixhenxe (7) zanikwa iziqinisekiso zaze ezi-5 zanikwa iziqinisekiso zekhosi ezimfutshane, baze abafundi abali- 167 banikwa iziqinisekiso zokufumana uqeqesho, laza i- 128 abafundi laphumelela izidanga zalokwezi nkqubo.</p> <p>Kwanikwa abafundi abali-14 abatsha iibhasari kunye nabangama-33 ekudala bekhona abathe baphumelela emagqabani.</p> <p>Kwaqeshwa abafundi abaxhamla nge-1940 kwiikhosi ezimfutshane eijongise kwizakhono, ekuthe kuzokwaphuma iqela elikhululeCASP/LRAD/PLAS, kuquka amafama (ezoqoqosho, isibonelelo semali kunye namafama amancinci), abancedisa efamakunye nabaxhamli boluntu lwendawo zasemaphandleni nendawo ezizidoluphu ezingagqibelelanga.</p> <p>Kwabhalisa abafundi abali-100 kwiinkqubo zokufunda emsebenzini kumabakala eNQF 1- 4 athe abhalwa ekuqaleni konyaka wokufunda. Kupaswe ngomyingwe wama-79% kwazekwaphunyelelwa neziqinisekiso zokugqiba ikhosi ezakhutshwa yiAgriSETA. Isizathu sokuphucula ukuphuma ecaleni kwinjongo kodwa kube nefuthe elihle kungayanyiswa neemfuneko zaxa kubhaliswa abafundi kwiinkqubo esasaziweyo yeFET.</p> <p>Mayela namanyathelo okumaketha nokwazisa kunye nokwazisa ngezifundo, inkqutyana: i-FET ihambelele imiboniso yekhondo lezolimo, imiboniso kunye neejambori, kwaze kwandwendwelwa izikolo ezine(4)kwiingingqi ezifanelekileyo.</p> <p>Kwangeniswa ngempumelelo abafundi abalishumi elinesibini (12) kwinkalo Yemfundo Yamabanga Aphezulu, abafundi ababini 2 lbanikelwa kwiinkqubo yeB.Agric, umfundi omnye 1 kwiNkqubo Yokufunda ngeEquine kunye nabafundi abalithoba 9 abathi banikelwa kwiinkqubo yeHigher Certificate. Significant infrastructure investments, i.e. general maintenance and repairs were undertaken.</p> <p>Ngokweziqinisekiso zemigangatho, inkqutyana: FET yaqhuba uvavanyo lweenkqubo zezakhono zangaphakathi ezimbini 2, yaza yangenisa iinkqubo ezintathu 3 zokufunda emsebenzini kulungiselelwa ukuhlolwa ngaphandle kunye nokuphumezayiAgriSETA ibhodi yokuqinisekisa imigangatho ukuze kuqinisekise ukuba kukhuthiswa iziqinisekiso zokuqhuba ngempumelelo kubafundi abaphumeleleyo ekupheleni kwenkqubo yokufunda emsebenzini.</p> <p>Utyalomali olubaluleke kakhulu kwiziseko zophuhliso, ingakumbi. ukugcinwa nokulungiswa okuthe kwaqhutywa.</p>

ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

Eyona nkonzo ingundoqo	Ingxelo engqameneyo
<p>Ukukhuthaza uphuhliso oluzinzileyo kwezolimo kuluntu olwaluvinjwe amathuba ngaphambili kugxininiswa kumanqanab amafama, ulutsha, abafazi, uluntu olungaqeshwanga kwiindawo zasemaphandleni neendawo ezingagqibelelanga ukuba zidolophu nabasebenzi basefama</p>	<p>I-FSD yaqhuba imiboniso engama-83, iintsuku zamafama angama-29 kwaxhaswa amafama ngama-3 352 ngengcebiso, kuwo i-1 522 ngamafama amanincinci nasakhulayo, ukuphuhlisa izakhono nokuxhobisazonke iinkalo zamafama.</p> <p>Ukongeza koku kwafikelelwa imizi engama-810 ngokusebenza inkqubo isuthkheysi kwaze kwamiselwa neegadi zoluntu ezingama-51. I-FSD yangeniswa ngengqiqo ye"Foodpod" ukuxhasa inkqubo yesuthkheysi. I"Foodpod" ikuvumela ukuba umzi ngamnye uvelise imveliso yawo yokutya namamkhreyithi ngaphandle kokuxhomekeka emaninz kamasipala. Amakhaya ngama-(48) azuza kwingcinga ye"Foodpod" Kusuku Lokuytya Kwihlabathi 2011.</p> <p>AAbxhamli abangama-71 baseDysselsdorp CRDP baqeqeshwa kwiikhosi ezahlukeneyo. Amalungu angama-32 eBhunga Abathathi-nxaxheba afumana uqeqesho kukho iikhosi ezintathu ezibekelwe elinye ixesha.</p> <p>I-RD yaba negalelo ngokuvuselela iindawo zokudibana ezimbini ezongezelweyo kwiindawo zasemaphandleni, zisenza iindawo zendibano ezisebenzayo kwiPhondo zibe sibhozo (8).</p> <p>Ukuza kuthi ga ngokukuquzelelwe uluhlu lwamaphulo ophuhliso angama-221 kuquka nokwenza igalelo lweenkalo ezintathu zikarhulumente, ngezigidi ezingama-R301.171.</p> <p>Kwadalwa izithuba zomsebenzi ezingama-416 okwethutyana kulo nyakamali, namathuba oqeqesho angama-798.</p> <p>Kwaphuhliswa ngaphezu kwama2 000 abasebenzi basefama abancedwa ngokusebenzisa amangenelo athi ancedwa xa kusetyenziswa amangenelo awohlukeneyo ngentsebenziswano.</p>

ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngama 31 eKwindla 2012

Eyona nkonzo ingundoqo	Ingxelo engqameneyo
<p>Uhlaziyo, ukukhuthazwa nokusetyenziswa Kwecebo Lokuphuhlisa Amandla Aabantu kwinkalo yezolimo eNtshona Koloni ngenzame zokutsala abantu abaninzi kwinkalo yezolimo njengenxalenye eququzelela inguqukwinkalo yezolimo nokuphuhlisa kwentsebenziswanonobudlelwaneobuphakathi kwabanikela ngeenkono nabezoshishino</p>	<p>Uphuhliso lwezoqoqosho kwindawo zasemaphandleni lwakuqapheleka ngokuba abantu baxhotyiswe ngolwazi nezakhono ezifunekayo.</p> <p>Icebo Lokuphuhlisa Amandla Aabantu kwiCandelo (HCDS) lingqale kwizakhono ezibonwa njengezinqabileyo nezibalulekileyo kwaye lidlala indima ebalulekileyokwinguqu ngokusebenzisa izakhono zohuhliso.</p> <p>Icandelo liqhube ngokuququzelela izakhono zophuhliso kunye nokusetyenziswa kweHCDS ephelileyo, phakathi kwezinye izinto, iqulathe oku kulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukuxhobisa ngezakhono okungenani abasebenzi basefama abangama-4 000 ngenkqubo yokuphuhlisa amafama, • Uqeqesho olutsha lokuphuhlisa izakhono nokuphuhlisa izakhono zamagosa angama-46 Amagosa Olwandiso, • Iinkqubo zokunikezela ngenkonzo zamaziko emfundo aphakamileyo kubafundi abapase imatriki abangama-454 nezakhono zoqeqesho kumafama ali-940 kunye nabancedisi basefama nabafundiswa emsebenzini abali-00 beFET, • Ukubekwa kwabafunda besemsebenzini abangama-24 bafumana amava besemsebenzini kwindawo esingqongileyo esebenzayo, • Kwanikelwa ngeebhasari ezisuka ngaphandle kwale nkalo yezolimo ezingama-25 ukuze bafunde iinkalo ezibaluleke kakhulu kwiinkalo ezinqabileyo nezibaluleke kakhulu, • Kuxhaswe abantu abatsha abathandathu 6 ukuba benze izifundo zemfundo eziphakamileyo ngenkqubo Yabantu Abantu Abatsha Abafundela Ubuchwephesha iYoung Professionals Programme (YPP), • Ukuxhasa abathathi-nxaxheba abali- 10 abazinjinieli kwezobuchwephesha ukuze bafumane uqeqesho olululo kunye/ okanye namava, • Ukuxhasa abantu abatsha ababini 2 ukuba bathathe inxaxheba kumaphulo e-Agrifutura eYunivesithi yaseStellenbosch, • Ukumaketha ezolimo njengezifundo ezinekamva kubafundi abangama-4 000 ezikolweni, kunye • Nokusetyenziswa kwenkqubo yeLandCare ukwazisa abantu abatsha ukuba bakhathalele izixhobo zethu zokusebenza ngendalo kujoliswe ezikolweni kwiPhondo lonke.
<p>Ukuququzelela uphuhliso lonxibelelwano nentsebenziswano phakathi kwabaqeqeshi nabanikezela ngeenkono kunye nebhodi yezoshishino ngokusebenzisa iforam yeMfundo Noqeqesho Kwezolimo kwiPhondo, (PAET)</p>	<p>Ukusebenza kweHCDS kunye nokumiselwa Kweforma Yemfundo Noqeqesho Lwezolimo kwiphondo(PAET) kwenziwa iqonga elisebenza kakuhle kakhulu ukuthatha inxaxheba nokwamkela inkqubo yokuthatha inxaxheba kunikezelo lwamandla, ukubandakanyeka nokusebenzisana nokuphuhlisa amandla abantu kule nkalo. Kwabanjwa iintlanganiso ezimbini, kuxoxwa ngembisa yezolimo ingakumbi xa kuqwalaselwa amakhono okulandelwa nemisebenzi kubantu abatsha, ukumaketha ezolimo nokukhuthaza umfanekiso omhle wezolimo ukuqeqeshwa kwabantu abatsha nabaqeqeshi kwezolimo. Kwabanjwa imini eyab yimpumelelo enkulu yabantu abatsha beboniswa ngemiba yezolimo, kukho bonke abathatah inxaxheba kubandakanywa nePAET, ngoMeyi ku2011 Kwiziko Loqeqesho Kwezolimo eElsenburg.</p>

INGXELO NGOKWEZIHLOKO EZIPHAMBILI ESELE ZINGUMISELO
Zonyaka ophele ngowama 31 eKwindla 2012

Eyona nkonzo ingundoqo	Ingxelo engqameneyo
<p>Ukuqinisa unxibelelwano olomeleleyo noluzinzileyo namahlakani oqeqesho namaziko angaphakathi emfundo ephakamileyo, kuzwelonke nakwihlabathi ukukhulisa nokuxhasa uphuhliso lwezakhono kwinkalo yezolimo</p>	<p>Inkqubo yentsebenziswa iBurgundy kunye neNtshona Koloni zaqhuba nonxibelelwano ngo2011/12. Inkqubo yavuyisana nokubakho kwayo iminyaka eli-10eNtshona Koloni ngokubamba umcimbi owaziwa ngedinala igalaKwiziko Loqeqesho Kwezolimo iElsenburg. Kwaphehlelela incwadi enemifanekiso yabantu abathatha inxaxheba kule nkqubo iphume izandla emva koqeqesho. Isivumelwano sentsebenziswano songezelelwa ngeminyaka emihlanu 5.</p> <p>Kwesi siseko, kwaqeqeshwa abafundi abasi8 ngezilwnayana zasemanzinikunye neonoloji, abafundi abasixhenxe 7 baqeqeshwa kulawulo lwemiphanda nokulyiginca ikwisimo esisiso, abane 4 baqeqeshelwa ukwenza itshizi. Ukongeza, kwandiswa ngamagosaezolimo andiswe ngesi-8 asuka kwiCandeloathi aqeqeshelwa ulawulo lwamaphulonemveliso yamafama amancinci neBurgundy, eFrance.</p> <p>Ngaphezulu, iqela lombhoxoelisuka kwiZiko Loqeqesho kwezolimo iElsenberg iCFPPA lathatha ukhenketho olufutshane oluya eBurgundy, eFrance. Kwatshintshiselwana ngabafundi, abafundi abasi-8 abangamFrentshi bafikela kwiZiko Loqeqesho Kwezolimo iElsenberg.</p>

PROBLEMS ENCOUNTERED AND CORRECTIVE STEPS TAKEN

ISebe lukwanesigunyaziso soqeqesho kwaye ngokweleNkqubo: Uqeqesho Olusekekileyo Lwezolimo (Structured Agricultural Training (SAT) lunikezele iziqu zemfundo kwezolimo. I-SAT iye yabambisana noninzi lwabo babandakanyekayo ekukhuthazeni nasekuxhaseni uphuhliso lwezakhono kwanokwakhiwa kwamandla ezolimoUqeqesho olusekelwe kwizakhono lwanikezelwa kumaFama aliwaka elinamakhulu asithoba anamshumi amane kwa nabezoncedo lwamaFama, ngelixa amakhulu amane anamashumi amathathu anesibhozo abafundi (438 students) lubhalisele izifundo zesigxina kwiinkqubo zemfundo ephakamileyo. Isixa esi likhulu elinamashumi amabinii anesibhozo sabafundi (128 students) baye batheswa kwezinkqubo. Abothwese lwezidanga bayakunga kwisigqeba kanye njengamaFama, abalawuli beFama, amasekela olawulo lweFama, abongamele umsebenzi, ingcali zolimo kwanabaluleki bezolimo .

Uluhlu lwezaluleko namanqanaba elizwe jikelele kwanendlela ecweliweyo yolwabiwo malilwamaziko oqeqesho lwezolimo (Agricultural Training Institutions) aye aphakanyiswa liSebe lwezolimo, amahlathi nezokuloba. Oku kwaba nezinto ezichaphazela uhlelo olucweliweyo lo lawulo ngokwase burhulumenteni kwiziko loqeqesho lwezolimo lwase Elsenburg, abasebenzi kwaneziqu zemfundo yabo, Ukukhawulelana neenguqu kuhlelo olucweliweyo lo lawulo ngokwa seburhulumenteni, isicwangciso ngokobungcali kwezemfundo sayilwa ukuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi bafumana iziqu zemfundo yezolimo efanelekileyo nje ngamaqalela.

Zombini izigaba zoburhulumente wezolwenke jikelele nowe Phondo bagqibezela iziphumo ezitsolisiweyokwisithubaseminyaka emihlanu. Ngokubhekiselele kuburhulument bukawelonke iziphumo ezi lishumi elinesibini zaphawulelwa ukusekwa. Elisebe ngokwesindululo lwenza igalelo kwiziphumo zika zwelonke i-National Outcome 7 ngokubanjalo bazo kwananjalo lwathabath' inxaxheba kumbumba zamaqela ezahlukeneyo.

IZiphuma zikaZwelonke kwaneenjongo ezicetyiweyo zamaPhondo (National Outcomes and Provincial Strategic Objectives (PSO) zigxininisa kakhulu kwimeko ezicetyiweyo ezimayelana nokwandiswa kwamathuba ezohlumo loqoqosho noguquko lwezimo sezulu, ulawulo lwamanzi, ukuguqulo lomhlaba, uphuhliso kwasemaphandleni njalo njalo. Akukho mathandabuzo ekubeni ezi ziyakuchaphazela kwindlela iSebe elikhawulelana ngayo nokunikezelwa kweenkonzo.

EPhondweni, iiPSOs ezilishumi elinambi ni nazo zaphuhliswa kwa i-PSO11 (ukwandiswa kwamathuba okukhula nophuhliso emaphandleni) yabelekiswa eSebeni. Ikomiti yethutyana kwanamaqela amahlanuasekwa kwaye ngezantsi isishwankathelo salamaqela asebenzayo ngokwahlukeneyo siyacaciswa:

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophele ngomhla ka 31 eKwindla 2012

- Ukusekwa kweqela elisebenzayo lophuhliso lwasemaphandleni kwadala iqonga lokuphuculwa kwentsebenziswano nonxulumelwano kwinqanaba lolawulo msebenzi oluphezulu. UkubunjwakweKomitiyethutyanyayokubambisanakwamaSebekwinqanaba lwendlela ecweliweyo yophuhliso lwamaphandle kuye kwakhulisa intsebenziswano kwisigabq soseko kwandisa nomtyhi obanakalayo owenziwa zinkonzo zikaRhulumente.
- Iqela lomsebenzi lokufikeleleka kweMalike lwasekelwa intsebenziswano yokufikeleleka eMalikeni eNtshona Koloni nabo bachaphazelekayo ngokwahlukana kwabo. Isizathu isesokuba ufikeleleko lwemalike siyinxalenye yezinto ezingundoqo kwindawo ze PSO11.
- Isidingo sokuququzelela uphando lwezolimo eNtshona Koloni kuphephelele ekusekweni kweqela elisebenza ngophuhliso nophando. Eliqela luyakusebenza njenge mbumba yamaqela ezolimo eNtshona Koloni (WCARF), kwaye lwayilwa ngonyaka ka 2011/12.

Ngaphandle kwe-PSO11, iSebe luye luthabathe inxaxheba kwi- PSO1, 3, 6, 7, 8, 10 no 12. Nanjenge nxalenye ye-PSO7 kwanokuqhubela phambili kwethu ngokufama okuzinzileyo kweendlela zofanelweko lwemo yezulu (climate smart), isosayeti yokuqala i-No-Till (Akuhlakulwa) eNtshona Koloni yayilwa phantsi kwezikhokelo zeziko leSebe lwemveliso yezityalo. Le sosayeti yaguqulwa igama yabizwa njenge uLondolozo lwezolimo eNtshona Koloni (Conservation Agriculture Western Cape) kwaye seyenze imitsi elungileyo kuphando lofanelweko lwemo yezulu (climate-smart) kwanegalelo lwezolimo. Ngokwesindululo sophuhliso lwezolimo, naziphina iinguqu, kwaye/okanye ukuhlengahlengiswa komthetho wokungqonge inguquko kwezomhlaba kunefuthe okanye kuchaphazela iSebe.

Ukuphangalala kwesindululo kwaneenguqu kwezolimo ngaphakathi kweSebe lwezoPhuhliso lwaMaphandle I DRDLR (Department of Rural Development and Land Reform) kwanokukhululwa komthetho ondulula inguqu kwezomhlaba (Green Paper on Land Reform) akutyhilanga ngokwaneleyo ingcaciso ngezisekelo zokuhambisana kwano miliselo lweenkqubo ezifuneka kwiPhondo. Eli lixa lothandabuzo lubangele kuthontelwano lwezicelo zokugocwagocwa kweefama ngaBathengi be-DRDLR. Oku kuya kuba nefuthe kumthamo onqongopheleyo weSebe ukuba izikhokelo ezicacileyo ekumiselweni kwenkqubo yonikezelo lomhlaba kwiPhondo azisekwanga.

I-DRDLR iye yashenxisa unqunyanyiso kwamaphulo olinganiso kunyaka ka2012 nangona kungazange kubekho indlela eyaphambili ecacisa ukuba ayakumiselwa njani amaphulo acweliweyo okwabelwana ngokulinganayo kwixa elizayo. Oku kube neempawu ezichaphazela ukuxhotyiswa kwabantu abamnyama kushishino lwezolimo (AgriBEE – Agricultural Black Economic Empowerment) nanye ngokuba amaphulo olingano alandelela kuphela indlela yexabiso lothungelwano (value chain approach) malunga nokuzibandakanya kwabantu abavela kwindawo zokuhlala ezingananzwanga. Kucaca ukuba ixesha elininzi lisekumiselweni lwe- Proactive Land Acquisition Strategy (PLAS) emele icebo elifuthelweyo lokuzuzwa komhlaba olucela imingeni malunga nozinziso lweenkonzo ezinikezelwa kwezi fama ngenxa yemeko ezigungqayo eziphathelele nemimiselo yokuqeshisa.

Ngenxa yokurhoxa kwe-DAFF ekwenzeni izetifiketi zothutho lwezinto kumazwe angaphandle kwiPhondo, iNkqubo: yeNkonzo zoNyango lwezilwanyana (Veterinary Services) kuye kwafuneka ihlengahlengise uluhlu lweenkonzo zonke zamaGosa ezonyango lwezilwanyana nolondolozo lwemisebenzi yokuthumela ezothutho lwezinto kumazwe angaphandle. Oku kubangele uxinzelelo kwimisebenzi yesiqhelo kwano kwabiwakohlalo lwabiwo mali.

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophela ngomhla ka 31 eKwindla 2012

Nangona isigqibo sokugqibela kwisindululo seSebe ngokuphathelene kwezokuloba (siqale kwisindululo seDAFF) singakhange siqukunjelwe, esi sigqibo singanefuthe elumandla kwikamva lomthamo wethu kwaye nokwandiswa kwenkqubo yezezilwanyana zamanzi okuye kwalendela nokulandela konikezelo lwemali.

Izalathiso ezitsha ekwenziweni kobulungisa kulwaluleko lokuxhotyiswa ngokuphangaleleyo kwaBantu abaNyama kwezoshishino ziqale ukusebenza ngoFebruary 2011. Ukongeza, - isigu somthetho wentengo etyunjiweyo (Preferential Procurement Policy Framework (PPPFA) imiqathangoyaguqulwa. linguquzalungelelaniswa ngokwamanqaku okutyumba kunye neBB BEE kwatsho komeleza indlela zokunikezela intengo yezinto zangaphakathi ngokwezigqeba ezichongiweyo. Ezinguqukwakhona ziye zabangela intshukumo ezikhawulelana nokukhuthazwa kwentengo yangaphakathi nakwizigqeba ezingachongwanga. Nangona, umngeni ikuku qinisekisa ulungelelwaniso lwemithetho eyenza ifuthe.

Ukusasazwa ngokwaseburhulumenteni kwezalathiso zokuxhotyiswa kwabantu abantsundu kwezoshishino (AgriBEE codes) kwenziwa kwaye ku kudala kulindiwe sisigqeba sezolimo nangengokuba amanye amaFama namashishini ambaxa ebesebenzisa iqokobe jikelele lwezalathiso (generic scorecard) ekulinganiseni umyinge womsebenzi, nto leyo ibenzima nje ngokuba ezolimo isisigqeba esahlukileyo. Ukoleka, kubekho izicwangciso kwi-DAFF zokuyila ingxowa mali ye-AgriBEE kwaye kuthenjwa ukuba lengxowa mali iyakuyilwa ngonyaka u-2013/13.

Indlela yokukhulisa kuZwelonke yabeka ugxininiso kulimo olusulungiweyo (agro-processing) kwaye ne DAFF yaphendula ngoku seka isetyana lokuququzelela iintshukumo zosulungo lo limo. Le yindawa apho iSebe kufuneka luphinda lwacinga kwaye lwaphind' ucwangciso.

Ngokwe zothethathethwano lorhwebo limpawu zofundo lwendalo (Geographical Indicators (GIs) zingayidlala indima ephambili kuthethathethwano neManyano yamaZwe ase Yurophu-EU (European Union). Kwaye, uMzantsi Afrika kungafuneka uphonononge ubume iqondo layo kwi-GIs. Uluhlu oluvela kwi - EU lwanikezelwa ngaphambili kwaye uMzantsi Afrika kulindeleke ukuba useke olwawo uluhlu ekulindeleke ukuba lufuman' inkxaso kuninzi lwabo badlal' indima kwisigqeba.

Isiphumo sendibano lwabasebenzi baseFama kuZwelonke ngenyanga kaJuly ngomnyaka ka 2012 sithe imbumba yonikezo nkonzo kufuneka isekiwe ekuncediseni nokumiliselwa kweziphakamiso ekwagqitywa ngazo kwindibano. Lembumba yonikezelo lwenkonzo idibene amaxesha abalekayo kwaye isindululo sokusekwa kwamasetyana okanye iinkqubo zophuhliso lwabasebenzi basefama abasithoba kuZwelonke yagqitywa kuyo. Eli Sebe lulo kuphela olune nkqutyana ezinikele kumaFama.

Le Nkqutyana yaqeqesha iwaka linamakhulu amathandathu namasumi amathandathu anesithandathu (1 666) lwabasebenzi base Fama ngokusebenzisana nemibutho ezimeleyo yoburhulumente kwaye iNkqubo: i-SAT, ixhase iProjekti eziilthoba (9 anti-substance abuse) zokusetyenziswa gwenxa nezinyobisi, yasingatha ukhuphiswano lwengingqi zabasebenzi baseFama izihlandlo ezilishumi elinesine (14 regional farm worker competitions) kwaye nolunye ukhuphiswano lwePhondo, uququzelelo noxhaso lweentlanganiso sesithili ezilishumi elinesithandathu zembumba, kwaze kwaxhaswa amakhulu amathandathu anamashumi amahlanu ananye (651 farm workers) abasebenzi baseFama ngokwe nkqubo yothunyelo (through the referral system).

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophele ngomhla ka 31 eKwindla 2012

Ukusuka ngomhla wokuqala ku-April wonyaka ka 2011 inkqutyana: yophuhliso lwabasebenzi basefama (Farm Worker Development) (eyayifudula ifunyanwa phantsi kweNkqubo 3: yoxhaso nophuhliso lwamaFama (Farmer Support and Development (FSD)) yafuduselwa kwiNkqubo 8: yophuhliso lwamaphandle (Rural Development (RD). Ihlanganiso oluhle lwathatha indawo kuba ukwalamana kukho phakathi kwezona ndawo bekugqalwe kuzo zophuhliso lwamaphandle kunye nophuhliso lwabasebenzi baseFama.

INKqutyana: yophuhliso lwamaphandle (Rural Development–RD) yaxhobisa iindawo zasekuhlaleni (ingakumbi indawo ezidingayo zophuhliso lwamaphandle) ngokumisa iziseko zemibutho yasekuhlaleni amaziko ukuba aququzelele ukuthathwa kwenxaxheba ekwenzeni izigqibo ezimalunga neeProjekti aziyakuxhanyulwa zindawo zazo ekuhlaleni. Oku kuye komelezwa kokuqonda iindlela ezahlukeneyo zemisebenzi yase burhulumenteni kwinqanaba lase kuhlaleni kwaye kwakhokelela abantu basekuhlaleni bethatha ubunini beeProjekti ezihlawulelwe ngurhulumente. Eli nyathelo luzise uzinzo nesiseko sokwakha kwiindawo zase kuhlaleni kwaphucula nobudlelwane noRhulumente.

INKqubo: iRD ibenohlahlo lwabiwo mali oluncinci kakhulu olusetyenziswe ekwenzeni iintshukumo ezivakalayo kulwandiso lwefuthe lwaze kwa nekhonco lweentshukumo zamaSebe ohlukeneyo. Umlinganiselo wohlahlo lwabiwo mali empeleni uthibaza amendu enkqubela ngokwe ndlela ecandiweyo (phased approach) esetyenzisiweyo ekumiliseni kweewadi.

Inkqubo: iRD ishukumise iindawo ezimbini ezongezelelweyo zinesidingo lophuhliso lwamaphandla, zenza isixa seendawo ezinesidingo zasi sibhozo (eight -08 active nodes) kwiPhondo. Ezo ndawo zinesidingo ziquka:

- kuMaspala wase Oudtshoorn (Dysselsdorp);
- kuMaspala weSixeko saseKapa (Mamre);
- kuMaspala wase Matzikama (Ebenhaeser);
- kuMaspala wase Witzenberg (Bella Vista);
- kuMaspala wase Beaufort West (Murraysburg);
- kuMaspala wase kuMaspala wase Bitou (New Horizons);
- kuMaspala wase Theewaterskloof (Villiersdorp), and
- kuMaspala wase Mossel Bay (indawo zasekuhlaleni ezilithoba emaphandleni).

Ukuzokuthi ga ngoku, iProjekti ezingamakhulu amabini anamashumi amabini ananye (221 projects) zibekwe kuluhlu ngokwe ndlela yophuhliso eququzelelweyo (coordinated development approach) kuquka negalelo elivela kuyo mithathu iminyango yaseburhulumenteni ngesixa esingamakhulu amathathu ananye amawaka anekhulu limashumi asixhenxe ananye ezigidi zeerandi (R301.171 million) zenxaso mali ebigcinelwe de kuye ekupheleni konyaka mali. Isixa esingamakhulu amane aneshumi elinesithandathu (416 temporary jobs) semisebenzi yethutyana senziwa kulo nyaka mali, ukuya kubeka isixa ukusukela ekuqaleni kokumiselwa kwesicwangciso sophuhliso kwi waka elinye linamakhulu amathathu ananye (1 301), xeshikweni amathuba oqeqesho angamkhulu asixhenxe namashumi asithoba anesibhozo (798 training opportunities) sanikezelwa, seza senza isixa sewaka linamakhulu amane anamashumi amahlanu anantathu (1453).

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophela ngomhla ka 31 eKwindla 2012

Uninzi lwemisitho yokudluliswa kobuxhakaxhaka bomatshini yaququzelelwa kulonyaka mali:

- Imisitho elishumi elinesine yokudluliswa kobuxhakaxhaka bomatshini (Fourteen technology transfer events) yaququzelelwa yaze yasebenza njengamaqonga agqwesileyo ekusasazweni kolwazi lwezobunzululwazi nokubonisa ubungcaphephe beSebe kwezobunzululwazi. Ukuze sibenokuthatha ulwazi lwethu lube kuwo onke amanqanaba, izifundo ezibini zamadlelo kwabasaqalayo (ngokwelwimi zombini) kunye nengcali enye yezolimo zaziswa kwifama yezophando i-Outeniqua kwaye wamkeleka kakuhle kakhulu kwaye wazinyaswa kanjalo.
- Umbiyozo wolwandiso wasingathwa ngosuku lwamashumi amabini anesixhenxe nangolwamashumi amabini anesibhozo kuJuly wonyaka ka-2011 (27th and 28th of July 2011) ukukhuthaza ukwabelana ngolwazi, kunye nosasazo lweenkonzo ezingqanyanisiweyo phakathi kwawo onke amangosa olwandiso akwii nkqubo zonke jikelele eziphakathi kweSebe. AmaGosa olwandiso awongwa ngenkonzo egqwesileyo. Kwalapha kumbhiyozo amaGosa amane afumana amawonga okubeka kwinaba eliphezulu iziqu zawo zemfundo ngokwee njongo zolwaluleko nemigangando yamaGosa olwandiso.
- Amaphulo olwakhiwo lwezakhono (Capacity building initiatives) eNkqubo: amaGosa olwandiso e-FSD's aqhubekekile ngamathuba eenyanga eziblokiweyo nozimaso lwezifundo ezahlukeneyo nendibano zoqeqesho.
- Isebe lixhase umsitho we-Agri Mega Week ebibanjelwe e-Bredasdorp kwisithili sase Overberg ukusukela ngomhla weshumi elinesine ukuya koweshumi elinesithandathu (14 to 16) ku September wonyaka ka 2011. Lomsitho uzamela ukudala iqonga apho abanzi bemveliso, abathengisi bamagalelo kwimveliso, ne arhente yenkonzo, kunye nomndilili, abanomdla kwezolimo banokuthabatha inxaxhebangokufakanaimilomo, benzeushishinokwayebafunde. AmaGosa ohlukeneyo nawa aye yinxalenye yomsitho ngoku nika iingcaciso nokuququzelela iseshoni zolwazi.
- Ukusuka kwimiboniso ye-Yantai yase-China, umsitho (seminar) wasingathwa liSebe osiko sithi "Ukushishina ne China" (on "Doing Business with China") wazinyaswa phantse ziinkampany zoshishino ezingama shumi amahlanu zomdiliy' omfaxes ngiwewyo (50 wine companies).
- ISebe ngeNkqubo yalo: yezifundo zoshishino lwezolimo (Agricultural Economics) lwasingatha i-BFAP ukuyilwa komgca osisiseko ilixa lesibini. Lomsitho wokuyila wazinyaswa ngabantu aba malunga nekhulu linashumi amathathu (130 people) abasuka kumashishino ambaxa ohlukeneyo kwezolimo neAgri-Business eNtshona Koloni.

limeko zokwenyani soshishino jikelele ehlabathini ziguquke ngendlela eyothusayo kwaye oku kwenza intshukumo enobuzaza kakhulu kwisigqeba sezolimo sePhondo nangokuvela kwalo kakhulu kwezothutho lwezinto kwiimalike zamazwe angaphandle. Kuba iPhondo lile lona linegalelo eliphezulu, elizweni, ekuthunyelweni kwemveliso kumazwe angaphandle kwenze imfuneko yokwenziwa kwendlela entsha yenkxaso kwisigqeba. Kungoko, iSebe liye lajolisa inkxaso yalo kwisigqeba sokunabela kwiimalike ezintsha.

Isebe liququzelele ukuthatyathwa kwenxaxheba ngamashishini ezolimo kwimiboniso yomdiliya omfaxesiweyo i- Yantai International Wine Exhibition, eye yanika iqonga kwiinkampani ezingamashumi amabini anesithathu (23 wine industry companies) ezikushishino olumbaxa lomdiliya omfaxesiweyo ukuba zibonise imveliso yazo nezakhono, kunye nomsitho wokugudl' igxalaba nezinye iinkampani nowokuthlekisa owasingathwa malunga nekhulu elinamashumi amathathu anesithoba abantu, abaqueke ngaphezu kwamaTshayina alikhulu (100 Chinese)

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophele ngomhla ka 31 eKwindla 2012

adlal' indima kushishino olumbaxa lomdiliy'omfaxangiweyo. Iindidi ezintandathu zohlobo oluthile lomdiliy'omfaxangiweyo zaxhaswa ukuba zizimanse umnyadala obizwa njenge "1st Tendy Wine Festival" owawuse Abuja nase Lagos e-Nigeria, kwanesithandathu samaFama asakhulayo azimeleyo nalawo ezoshishino bakrotyiswa kwityathanga lwexabiso lweziqhamo ehlabathini jikelele use "Fruit Logistica" yaseBerlin eJamani.

Inkqubo yokufikeleleko emalikeneni ibenezuzo enkulu kulo nyaka. Utyalo mali olwenziwe kwiminyaka edlulileyo luyaqala ukuba nembuyekezo. Kanga ngokuba, maluna namashumi amahlanu anesibhozo amashishini ezolimo afumene inkxaso kufikeleleko lweemalike kwezangaphakathi nezehlabathi jikelele.

Amangenelelo enze into yokuba ngaphezu kwezigidi ezilishumi leerandi (more than R10 million) ibe lixabiso lokuthengisiweyo. Oku kuquka, intengiso engaphezulu kwesiqingatha sesigidi (amawaka angamakhulu amahlanu) seerandi esizuzwe kwiikhatoni ezingamawaka asixhenxe zomdiliya wetafle (7 000 cartons of table grapes) ezazithunyelwe kumazwe angaphandle ukuya kumazwe aqeleleyo kumantla mpuma wehlabathi ngokwendlela yokuthumela nqo.

Inkqutya: yoKhuseleko loKutya, ibhexeshe intlo luvoyo Suku loKutya lhlabathini ukuthikelela inkqubela eyenziwe yimisebenzi eqingqiweyo nehlawulelweyo ukusuka ngomnyaka ka 2007. Intlo luvu ifumanise ukuba kwizindlu ezingama 240 ezinikwe inkxaso, njenge nxalenye yesikhumbuzo soSuku loKutya eHlabathini, 149 yamaKhaya (62%) isa velisa ukutya. Oku kunika umdla kakhulu xa kuqwalaselwe isimo sokungakhuseleki kokutya ekuhlaleni.

Kwizame zokubonisa ngoluhlaza nezisombululo zobungcono bemo yezulu (kwesi isithuba uhlobo olutsha lwemveliso yamandla ombane) kumaFama nokuqinisekisa uzinzo kwiifama zophando, uhlobo olungenabungozi lwerhasi evundisiweyo (biogas fermenter) luyakhiwa kwifama yezophando e-Outeniqua, ukuguqulwa komgqub ukusukuka kwimveliso yobisi ukuya kwirhasi (biogas) nombane. Kulindeleke ukuba iprojekti (ngokuxhaswa ngezimali liSebe lweZothutho nemise yangaPhandle) izakugqitywa ukuya embindini wonyaka ka-2012/13.

Ufundo olusulungekileyo lukuhlahlela ushicilelo lwezimbiwa i-carbon foot print, lweSebe kuquka neefama zophando lwagqitywa.

Imbuyekezo ekuxhelweni kweNciniba nendleko zomsebenzi ngexesha lomkhankaso ochasene nomkhuhlane i-Avian (Avian Influenza Campaign) eOudtshoorn nangaphandle, kwenze uxinzelelo kwizixhobo zeSebe kwaye ingakumbi kwiNkqubo: yeNkonzo zoNyango lweziLwanyana (Veterinary Services).

ISebe liqhubekekile nokumisela kwezigu (two disaster schemes schemes) ezimbini zentlekele ezinje nge siKhukula sika 2008 kunye nango 2010, neProjekti yembalela yango 2010 e-Eden. Malunga namawaka amabini anamakhulu amane amashumi amathandathu anesine (2 464) embalelwano zogunyaziso zakhutshwa kumaFama aliwaka limashumi asibhozo anesithathu (1 083 farmers) ukuwanceda ekulweni imbalela kwezo ndawo zihlaselwe yimbalela zase Central and Klein Karoo. Iindlela zokuthutha amanzi emfuyo ezingamashumi asibhozo anesixhenxe zamiliselwa / ezo zikhoyo kwanyuswa umgangatho wazo njengenxalenye yesikimu sokunceda mhla ngembalela. Izigidi ezingamashumi amathathu anesine, namakhulu amahlanu amawaka eerandi (R34.5 million) kwizikhukula zonyaka ka-2008, zakwa setyenziselwa ukhululeko kwimeko yokutya ukuya ekupheleni kwenyanga uCanzibe ngonyaka ka 2012, ekwaxhiweni komnxweme lomlambo ukukhusela

ISEBE LWEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophele ngomhla ka 31 eKwindla 2012

ukuqhubeka kokhukuliseko lomhlaba oxabisekileyo wezolimo. Zombini ezi zikimu zizakuqhubeka ngonyaka mali ka2012/13.

IProjekti enkulu noWesgro ngeyesetyana lotyalo mali kushishino lwezolimo (Agribusiness Investment Unit) enenjongo ephambili yokutsala iququzelele utyalo mali kwezolimo nakwisigqeba soshishino lwezolimo eNtshona Koloni. LeProjekti iye yaphumelela ekutsaleni utyalo mali oluxabisa izigidi ezingamashumi asibhozo anesibini (R82 million) kwisigqeba ngaphandle kwemiceli mngeni kwezoshishino ejongene namazwe ehlabathini jikelele.

Ngokuphathelene neendlela zenkcitho mali oku kulandelayo kufuneka kugxininisiwe:

Isixa esingaphantsi kwezigidi ezimbini namakhulu amathandathu anamashumi amathathu anesithathu okanye isiqingathe esingamashumi amahlanu anesithathu epesenti (R2.633 million or 0.51%). Isixa sencitho mali, sohlahlo lwabiwo mali oluhlengahlengisiweyo luhleli kakuhle kommiselo kaZwelonke osi ziqingarha ezimbini (national benchmark of 2%).

Nangona kunjalo, uphando olulandeleyo lutyhile oku kulandelayo:

Eyona mali ingachithwanga ngoko hlahlo lwabiwo mali ngamakhulu amane amwaka anamashumi amathandathu anesithoba seerandi okanye isiwqingathe esiyi – 0.09% yohlahlo lwabiwo mali oluhlengahlengisiweyo. Oku kutheliseka kakuhle nemimiselo kaZwelonke. Intsalela yezigidi ezimbini nekhulu elinye lamawaka anamashumi amathandathu nane (R2.164 million) yimali ephathelene nezixhobo namatyala angeka xhuzulwa kwincitho okanye ingeniso okanye isuntsu lwengeniso, kodwa lichaphazela amali ekhoyo ebambekayo.

Eli Sebe lichithe zonke imali ezingumnikelo (grants).

Ulwahlulo (Virements) lwenziwa ukuthomalalisa uxiniselelo lweendleko ezinganukwanga zabe zenziwe ngamaxabiso anyuke ngokungalindelekanga, kwanezo zinto zinyanzelise ukuzinikela ngendlela yokuhlela uhlahlo lwabiwo mali olukhoyo njengoku nyuka kwexalabo ekunyukeni kwee gadi zokutya emazi qengqwe eluntwini ngenxa yesimo sangoku sezoshishino nefuthe kwabo baxhwalekileyo.

Ulwahlulo (Virements) lwenziwa ukusuka kwiNkqubo yokuqala (Programme 1 (R2.141 million), iNkqubo 4 (R222 000), iNkqubo 5 (R801 000), iNkqubo 6 (R573 000) kwane iNkqubo 7 (R2.057 million) to iNkqubo 2 (R44 000), iNkqubo 3 (R5.03 million) kwane iNkqubo 8 (R720 000). Kuzo zonke iimeko ulwahlulo lwaphunyezwa liGosa elongameleyo lwezimali ngokwemiqathanga womthetho wolawulo mali karhulumente ingakumbi icandelo (section) 43 (1) lomthetho i PFMA (Public Finance Management Act No.1 of 1991) kwaye ulwahlulo lwagcinwa kanye kwisiqingatha sesibhozo seepesenti (8%) engumiselo ngokomthetho kwicandelo (section 43 (2) we -PFMA.

Akukho nanye incitho engagunyaziswanga eyenziwayo.

Mabini amatyala encitho mali engagunyaziswanga, omabini aphathelene nokungabikho kwezatifiketi zerhafu kwimali exhuzulwe okodlula kumawaka angamashumi amathathu eerandi, eyafunyaniswayo. Nangona kunjalo, emveni kophando zombini kwafunyaniswa ukuba azenzanga lahleko kwiSebe, kwaye kweso sithuba, zaphunyezwa liGosa elongameleyo

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophele ngomhla ka 31 eKwindla 2012

Iwezimali. Isixa esipheleleyo sezimali zaxhuzulwayo likhulu elinamashumi amathathu anesibhozo amawaka (R138 000).

Ngokuphathelene nekontilaki zeefowuni zesandla (cellular phone contracts), incitho mali engekho mthethweni ibe sisixa esingange R277 000 eyaxelwayo yade yenziwa imali mboleko. Oku kwakhuthazwa ngokomthetho kaZwelonke i-National Practice Note 5 ka 2006/07.

Amatyula ohlukaneyo angamashumi amahlanu ananye encitho engenangeniso axelwa eme kwisixa esinga ngamashumi amahlanu anane amawaka eerandi (R54 000). Elinye la lamatyala lenzeke ngonyaka ka 2010/11 lisiya kuma kwisixa esingamakhulu asixhenxe anamashumi asibhozo eerandi. Amatyala amabini afikelele kwisixa samawaka asibhozo eerandi lwaziswa ngaphambili ukusuka kumnyaka ka 2010/11. Ngokupheleleyo kwabakho amatyala angamashumi amahlanu anesithathu (53 cases) aye afikelela kwisixa esinga ngamashumi amathandathu anesibini amawaka eerandi (R62 000 investigated and finalised) aqhandwayo aqakunjelwa. Kulana, amatyala angamashumi amane anesibini (42 cases), ukuya kwixabiso elingamashumi amahlanu ananye amawaka eerandi axhonyelwa (R51 000) liGosa elongameleyo lwezimali. Oku kwenzeka emveni kophando olucoselelweyo ukusuka ekuqaleni kwetyala ngalinye ekujongeni ukuba ezonkcitho ngezinfazange zithintelwa na ngokuhlolwa kokuzinikela emsebenzini nangokwezicwangciso. Kuwo onke lamatyala kwaphawuleka ukuba inkcitho yayingenakuthinteleka. Amatyala alishumi elinanye afikelela kwisixa esi lishumi elinanye lamawaka eerandi (R11 000) aqokelelwa emva kophando kwaye afunyaniswa ukuba aye ngena kungabonwa xa amanyathelo ayethathiwe ekuwahloeni.

Ngokwa ngoku akukho nalinye ityala elisilelayo

Malunga nengeniso isiqingatha se 99% enyuse uhlahlo lwabiwo mali kufuneka luqaqanjisiwe. Isixa semali esi sigidi esilishumi elinesixhenxe namashumi asixhenxe anesibhozo eerandi yafunyanwa kwi-DAFF ukuze kuphendulwe indleko zokunyangwa kweeNciniba ngexa lokugqabhuka komkhuhlan i-Avian kwisithili sase Oudtshoorn. IPhondo lwasebenzisa ngokusemthethweni kwa eso sixa ngexesha lwenqubo yohlengahlengiso lokuthikelela manani (Adjustment Estimate) apho inkcitho yasatyalaliswayo. Esi sixa safunyanwa njenge ngeniso saze sahlawulwa kwingxowa mali yeengeniso zePhondo ekupheleni koNyaka Mali.

2. Inkonzo enikezelwe liSebe

2.1 Uluhlu lweenkonzo ezinikezelwe licandelo lezolimo lungahlulwa lube zizigaba ezilandelayo:

- Ukuqhuba ulawulo nenkxaso yolawulo kwicandelo.
- Ukuxhasa amandla ukusebenzisa isicwangciso sonikezelo lweenkonzo.
- Inkonzo zangaphakathi nagnagphandle zonxibelelwano, kuquka ulawulo lwengxelo, ukukhuthazwa kweenkonzo zolwimi.
- UKulawula uphando, ukuqinisekisa nokusebenzisa ukunqanda intleleke kumafama nokunikezela inkxaso yobuchwephesha efunekayo ngexesha lesigaba sokuvuselelwa.
- Ukunikezela ngenkonzo yenkxaso ukuphucula ukusetyenziswa kwezixhobo zokusebenza kwezolimo okuzinzileyo ukulondoloza indalo esingqongileyo kwimeko Yokutshintsha Kwemozulu.
- Ukunikezela ngenkxaso yezobunjinieli kwiindlela zokuqhuba ulimo njengqoqosho kwezolimo nolondolozo lweendawo ezingqonge ulimo nokunyusa iindlela ezizizo

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophela ngomhla ka 31 eKwindla 2012

zokusebenzisa iinkqubo zoinkcenceshelo kumafama.

- Ukunika uqeqesho, imali yesibonelelo kunye nenkxaso yamaFama ngokweenkonzo ezandisiweyo neengcebiso kwanoku lungelelanisa inkxaso mali esuka kumashishi abucala namaqela emveliso yentengo kuxhaswa amaFama asakhasayo nalawo amileyo, kuquka nabaxhamli beenququ zomhlaba.
- Xhasa ooMaspala namanye amaSebe kaRhulumente ekumiselweni kwamaphulo okhuseleko lokutya ekuhlaleni nasemakhaya.
- Nika inkxaso ekwenzeni isicwangciso seengcali zochwephesho lwamashishini ezolimo nokuphononongwa kweefama ngokugqitha kwisetyana lo ncedo kwezochwephesho (Unit for Technical Assistance), olu lawulwa yi- CASIDRA
- Phuhlisa unonophele izixhobo zokulawula ulwazi lwezolimo ekuxhaseni ulawulo lweProjekti kwiifama ezixhaswe ngurhulumente.
- Sebenzisa uxilong lobuchwepheshe obuthe xhaxha ekuxilongweni na kuphando lwezifo zezilwanyana ezibalulekileyo kwezoshishino kwiPhondo kunye nezifo i-zoonotic ezinokubeka emngciphekweni impilo yoluntu.
- Beka iliso unciphise impilo yezilwanyana esemngciphekweni, ulawule okanye ugutyule izifo zezilwanyana ezingadal' inkxalabo kushishino nempilo yoluntu.
- Nikezela iinkonzo zenkathalelo yempilo yezilwanyana kumabanga aphantsi neenkonzo zothintelo lwezifo kumafama emfuyo nakwabanye angabanini bezilwanyana ngokumayela namaGosa abucala onyango lwezilwanyana nee arhente zentlalontle yezilwanyana.
- Yomeleza ulawulo lococeko kwiziseko zemveliso yezilwanyana ngokungqamene namaqondo kaZwelonke nawehlabathi jikelele ukuqinisekisa ukhuseleko lokutya nesetifiketi sezothuthu lwezinto kumazwe angaphandle.
- Yandisa inkxaso yezophando nophuhliso kumafama ashishinayo nalawo asemancinci angabanini befama ngokusebenzisa ubuxhakaxhaka boomatshini obugqwesileyo obuzuzwe ngamaziko amathathu, njenge ngawe, mveliso yezilwanyana, imveliso yezityalo, kunye nelokusetyenziswa kwezixhobo, lili nye kuwo lisebenza nje sigu sokugqwesa.
- Gqithisa ubuxhakaxhaka bomatshini obutsha nobufanelekileyo kwanolwazi oluzuzwe ngeenzame ezi zingisileyo zophando, kwisimo samaphepha asasaziweyo ezobunzululwazi, amaphepha osasazo angumxube wezobunzululwazi, nalawo aqhalekileyo, iipaketi zolwazi ezisebenziseka lula, intsuku zolwazi ezigqale kumaqela athile, ezokuhlala kwidyuniversity, iintetho ngcaciso, intetha kunomathotholo, nokuhamb' ubalisa.
- Khuthaza imveliso ezukileyo yezolimo noqeqesho lwezomveliso ngokusebenzisa ubuxhakaxhaka obugqwesileyo, yazisa izityalo ezitsha nezo zingamambela zikwanika ingxabiso kwinqubo exhasa uzinzo nokwandiswa kwemveliso yezo limo.
- Ukukhuthaza iinkonzo zophengululo lomhlaba, amanzi, izityalo, kwane zixhobo zendalo
- Ukunika iinkonzo zokugocagoca umhlaba, amanzi, izityalo, kwanezinye intlobo zezixhobo zendalo nezixhobo zokuncedisana nokwenziwa kwezigqibo.
- Ukunika iinkonzo zenkxaso lophando neziseko zokwakho kumaziko amathathu ezophando eSebe, nezinye iinkqubo zamany' amaSebe, ibhunga lwezophando lwezollmo (Agricultural Research Council (ARC)) nabanye abadlal' indima nge farma ezinesiseko nezilondolozwe kakuhle.
- Ukukhuthaza iinkqubo eziphuculiweyo ngokunika ulwazi nenkxazo kwezoshishino lwezemveliso yolimo kuquka uthikelelo lwamaxabiso emveliso yezolimo nocwaningo lwamashishini ahlukeneyo kwanenkqubo yokuqononondisa ezoshishino olungamandla, nocwangciso lwezoshishino.

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophele ngomhla ka 31 eKwindla 2012

- Ukukhuthaza intengizo emalikeneni yeemveliso yezelimo, noshishino lwezolimo, ngokunika uludwe olugcweleyo lweenkonzo ukomeleza ukufikeleleka emalikeneni kwane nkqubo yamashishini azimeleyo.
- Ukunika ucwaningo lwamanani nolubalulayo ezoshishino olongameleyo ekuxhaseni ukwenziwa kwezigqibo ezivakalayo
- Ukukhuthaza ukufumaneka kolwazi ngoku velisa, ukulondoloza nokunika ngethuba amanani angawo ezoshishino lwezolimo.
- Ukunika uqeqesho lwezolimo ekudaleni, kwanokudala amathubo ezemfuno kwabo bakuqeqesho nabo banqwenela ukuba ngabenzi bemveliso, (amafama asakhasayo ezoshishino kwanabasemakhaya) abacebisi, iingcaphephe, nabazoncedo lwamfama kwa nokomelezwa kwezengqesho lwabantu advisors, technicians and farm-aids and enhancement kophuhliso lwengqesho yabasebenzi kwezolimo.
- Ukukhuthaza uphuhliso oluzinzileyo lwezolimo kwiindawo zokuhlala ebezifudula zingananzwanga ngothotho lwamathuba kwanamaphulo agxininisa kumafama asekhaya, amafama asakhasayo, uLutsha, ooMama, abahlali abangenangqesho ezilalini neendawo zabahlali ezingasezidolophini abasebenzi baseFama kungakhethwanga bucala isigqeba soshishino kwezolimo.
- Uhlaziyo nokukhuthazwa kokusekwa kophuhliso olucetyiweyo kwingqesho yaBasebenzi kwisigqeba zezolimo eNtshona Koloni. Ukuguqula ezolimo ngoqeqesho kwiPhondo.
- Ukomeleza ikhonco neesosayeti ezithile ezikushishino olumbhaxa ngokwezivumelwano zokulungelanisa iinkonzo ukuze kuhanjise amangenelelo asekeleziweyo ngokwenqubo yeprojekti nangokuphathelene neemfuno zoshishino olubhaxa nesigqeba sezolimo.
- Ukunyanzelisa amakhonco omeleleyo oqeqesho olu zinzileyo nokuphathisana namaziko oqeqesho asekhaya, kuZwelonke, nakwihlabathi jikelele ukukhuthaza nokuxhasa uphuhliso lwezakhono kwizigqeba sezolimo.
- Ukusebenzisananamanye amaSebe kwanemibutho yabucala ekusekweni kwamaphulo neeprojekti ukuya kuxhamle abathengi beSebe ukuze kuzaliseke uhlelo lophuhliso nokukhula koqoqosho lwePhondo (Provincial Growth and Development strategy).
- Ukwenza amaziko iziseko zemibutho yasekuhlaleni kwiindawo ezikhethiweyo ngokwezidingo emaphandleni ukuxhobisa iindawo zasekuhlaleni ngoku phawulwa kweeprojekti ezintsha zasekuhlaleni ngokwembono yokomeleza uphuhliso lwasemaphandleni kwiPhondo.
- Intsebenziswano yamaSebe ePhondo kwanabasemagunyeni kurhulumente woMasipala ekusasazweni kweenkonzo kwemeko eququzelelweyo nendlela eyomeleleyo kwiindawo ezikhethiweyo ngokusekwa kwekomiti yethutyana yokubambisana kwamaSebe ngokwendawo ezinesidingo emaphandleni.
- Ukomelezwa kwembonakalo kweemeko zentlalo noqoqosho lwabasebenzi baseFama ngokunikwa koqeqesho lwezakhono zobomiukuphucula isimo sobomi babo.

2.2 Uphuhliso lomagaqonkqubo wentlawulo yeenkonzo

Imali ezihlawulewile iinkonzo namatyala eenkonzo kunye nentsilelo yeemveliso eziveliswe luphando noqeqesho liCandelo, nelibalwe ngokoMgaqo-nkqubo weCandelo, kwiPhondo nakuZwelonke yaza yahlawulwa kwiSibonelelo seNzuzo yeRhafu kwiPhondo zichazwe njengoko kumiselwe. Ezi mali zeenkonzo zihlaziywa qho ngonyaka ziseklwe kwimiathango eyenza ingqiqo yoqeqesho kunye nokuhlawulwa kwemali esematyaleni ngokubonnisana neOfisi Yomgcinimafa kwiPhondo. Yonke imali yeenkonzo yenziwe uluhlu olugcinwe ngohlobo lombane kwaye iyafumaneka kwi-intranethi yecandelo.

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophela ngomhla ka 31 eKwindla 2012

2.3 linkonzo zasimahla:

linkonzo zasimaha ezinokukhokelela kungeniso lwemali yokufuna iingcebiso okanye ukusebenza komntu kwiphulo elikhethekileyo kwiCandelo leenkonzo ezongezelelweyo . Nangona kunjalo abona bantu basebenzisa ezinkonzo kakhulu ngamafama asavelayo angakwazi ukziuhlawulela ngokwawo kwezi nkonzo ngoko ke axhomekeke kwiCandelo ngengcesbio, ingxelo neteknoloji.

Ngexesha loniko ngxelo amawaka amane anamakhulu amabini anamashumi amabini eenkomo (4220 cattle) zabafuyi abasakhulayo zagonyelwa isifo sephepha oku kwaxibisa amawaka angamashumi amathathu anesithathu namakhulu amahlanu anesixhenxe (R33 507).

AmaGosa aye agonya ezizilwanyana ezikulamanani alendelayo kwisigqeba esisakhasayo semfuyo:

- Amawaka amahlanu anesithandathu eenkomo (5016 cattle) kwisifo iAnthrax kwaxabisa amawaka asixhenxe anamakhulu amathandathu anamashumi asixhenxe anesine eerandi (R7 674).
- lwaka linamakhulu asithoba anesihlanu enkukhu (1 905 poultry) kwisifo iNewcastle esibe kwixabiso lwamakhulu amahlanu aneshumi elinesine eerandi (R514).
- Amawaka asibhozo anamakhulu amahlanu anamashumi asixhenxe anesithandathu emfuyo emfutshane nenkulu (8 576 large & small stock) ekulweni umkhuhlane iRift Vaelly okuxabise amawaka angamashumi amane anamashumi amahlanu eerandi (R40 050).
- lwaka elinakhulu amabini anamashumi amathandathu anesibhozo eenkomo(1268 cattle) anesifo i-RB51, kunye nogonyo lwesifo sephepha esixabise amawaka angamashumi amahlanu anesibini anekhulu linamashumi asixhenxe anesibhozo (R52178).

Ugqirha wezilwanyana waseburhulumenteni (State Veterinarians) unikezele ngeenkonzo zasimahla zempilo kwiikliniki zasekuhlaleni kwazo zazifudula zingananzwanga kwindawo yase-Beaufort West apho:

- lwaka alinakhulu asixhenxe anamashumi asibhozo anesithoba lwezinja neekati(1 789 dogs and cats) lwaxilongwa lwanyangelwa izifo ezixabise ikhulu elinamashumi asixhenxe anesibhozo lamawaka anamakhulu asithoba eerandi (R178900)
- Amakhulu amahlanu anamashumi asibhozo anesixhenxe eenkomo (587 Cattle), iigusha neebhokwe zanyangwa kwaxabisa amashumi asibhozo anesibini nekhulu elinamashumi asibhozo (R82 180)
- Amakhulu asixhenxe anamashumi amahlanu anesibhozo ezizilwanyanya (758 animals- euthanized) zabulawa ngokutofwa kwaxabisa amawaka angamashumi amahlanu anesithathu anesithathu anamashumi amathandathu (R53 060)
- Ikhulu elinamashumi amane anesithoba eenkunzi zegusha zavavanywa (149 Rams) ngesixa sewaka linekhulu elinamashumi asithoba anesibini eerandi(R1192).
- Amakhulu amahlanu anamashumi amahlanu anesihlanu eenkomo ezaditshwayo (555 Cattle) kubulaw' izimfifithi zegazi (amalongwane) kwaxabisa isixa samawaka amabini anamakhulu asixhenxe anesihlanu(R2 775).

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophele ngomhla ka 31 eKwindla 2012

Kwiindawo zoMaspala base-Malmesbury naseBeaufort amahashe angamakhulu amane aneshumi (410 horses) kwindawo ezisakhasayo zasekuhlaleni agonyelwa isigulo samaHashe aseAfrica (AHS-African Horse Sickness) kwaxabisa amashumi amane anamakhulu amabini anesibi (R40 242). Oku kwenziwa njengomlinganiselo othintelayo ekukhuseleni amahaseh enqwelo kwi AHS nokuqinisekisa uzinzo ekuhlaleni apho lamahashe aphila khona. Amakhulu asithoba anamashumi amahlanu amahashe (950 Horses) anyangelwa izinambuzane ezimfifitha igazi ngaphakathi kwaxabisa isixa samawaka angamashumi amane ananye (R41 259).

Eyona njongo ibalulekileyo ephambili kwiinkonzo zonyango lwezilwanyana sisifo iRabies esigonyelwa rhoqo ngonyaka kwizilwanyana ezisoloko zihamba kunye. Ikatini izinja neekati kwindawo zasekuhlaleni ezihluphekileyo ngokwezixhobo kwiPhondo lonke zagonywa ngokoluluhlululandelayo:

E-Malmesbury :	amawaka alishumi anamakhulu amabini anamashumi amabini ananye (10221)
E-Bolani:	amawaka angamashumi amathathuanesihlanu anamakhulu asixhenxe anamashumi amathandathu anesibhozo 35 768
Swellendam:	amawaka amathathu anamakhulu amahlanu anamashumi asibhozo nesibini (3582)
George:	amawaka asibhozo namashumi asixhenxe anesithathu (8073)
Beaufort West:	amawaka amabini anamakhulu amathathu namashumi amathandathu anesithandathu (2366)

Olungenelo lwenzeke kwixabiso lamakhulu amathathu anamashumi amabini anesithoba amawaka namakhulu amane anamashumi amahlanu anesihlanu (R329 455) (iirandi ezine ezinamashumi amane anesibhozo (R4.48 vaccine) zogonyo kwaneecenti ezintandathu sinesithandathu - zokuginywayo (65c consumables) ngesilwanyana ngasinye.

Isixa esipheleleyo sezinkonzo zasimahla zingentla zanikezelwayo singamawaka angamakhulu asibhozo anamawaka asibhozo namakhulu asithoba anamashumi asibhozo anesithandathu: R808 986.

2.4 Ubalo lwempahla

Isalathiso sesihlomelo 6 yesitethimenet semali.

3. Imiqobo yokusebenza

Icandelo linemiqobo kwezinye iindawo zezakhono ezinqabileyo njengenyango loogqirha, iinjini lezopolimo noqoqsho lwezopolimo. Lo mqobo uyavakala kwisicuku sezopolimo kwaye awukho kwiCandelo qha. Mayela nale ngxaki iCandelo liqale kwiNkqubo Yophuhliso Lamandla Abantu kunyaka wesithathu ngeziphumo zexesha elifutshane, eliphakathi nexesha elide kuquka izakhono zebhasari, ukufunda emsebenzini nokukhuthaza ezopolimo njengesakhono somsebenzi kubantu abatsha.

It has also become evident that the Department's services and achievements are well in excess of what it is being credited for. A re-look and re-design of the Department has started in the previous financial year and was completed and signed off in this financial

ISEBE LWEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophela ngomhla ka 31 eKwindla 2012

year in December 2011.Appointments in this regard will be made within the framework of availability of funding.

4. Ukusetyenziswa kwemali yezibonelelo

Akukho yezibonelelo ethe yafunyanwa kunyaka wengxelo.

5. Urhwebo ngemigudu nemogudu yoluntu

ICasidra (Pty) Ltd yamiselwa phantsi komThetho Weenkampani ka1973 (Umthetho kaZwelonke 61 ka1973) – No 1973/006186/07. Icandelo longamela umsebenzi wendima edlalwa ngumgudu kwiphondo. Ukunika ingxelo yeli ziko kusezandleni zeBhodi eyonyulwa nguMphathiswa Wezolimo neendawo zasemaphandleni kwiPhondo.Urhulumente wPhondo laseNtshona Koloni uzibambe zonke izabelo zeli ziko.

Imiboniso:

Ngokwezisombululo zama271/2007 zama- 24 kweyeDwarha 2007 iCasidra (Pty) Ltd yanikwa isindululo se “..’zolimo nophuhliso lwezoqoqosho kwiindawo zasemaphandleni nemiba yokubuyekwezwa komhlaba’..”. Ayikatshintshi ukusesela ngonyakamali odlulileyo.

Ulungiselelo lokwenza imibiko ngomsebenzi:

- ICasidra isebenzisa Umthetho Weenkampani kunye nePFMA.
- Ikhompakthi yabafumene izabelo ibhalwa qho ngonyaka kubanjiswene neCandelo, isayinwe nguMphathiswa wePhondo kunye NOMhlangaphambili weBhodi, kwaye ibekwe iliso kwimibiko yekota.
- Ingenisa ingxelo yemali yenyanga kwiCandelo.
- Uphengululo lwencwadi olwenziwe ngurhulumente kwizitethimenti zokugqibela enyakeni(zifakiwe).

6. Imibutho ehlawulweyo

Abaxhamli	Isizathu zentlawulo	Ulungiselelo locwangcisolomali	sixamali esilungise-lweyo R'000	Isixamali esihlawulweyo R'000
Casidra (Pty) Ltd	Ukuhlanganiswa kwekhompakthi yabanezabelo	Iphakeji yezabelo zemali	14 736	14 736
Casidra (Pty) Ltd	Ukusetyenzwa kweziseko zophuhliso namanye amaphulo	Imemorandam yesivumelwano	80 683	80 683
Agri Mega Group	Ukusetyenzwa kweziseko zophuhliso namanye amaphulo	Imemorandam yesivumelwano	25 603	25 603
Deciduous Fruit Producers Trust	Ukusetyenzwa kweziseko zophuhliso namanye amaphulo	Imemorandam yesivumelwano	14 449	14 449
Pearl Community Development Project	Uphuhliso lwabahlali basemafama	Imemorandam yesivumelwano	140	140
Kaap die Goeie Hoop Landbougenootskap (T/A Agri-Expo)	Uqeqesho lwabenzi betshizi njengenxalenye yesivumelwano seBurgundy eNtshona Koloni	Imemorandam yesivumelwano	146	146

ISEBE LWEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophele ngomhla ka 31 eKwindla 2012

Arbeidsbedienings Trust	Uxhoso lweeNkolo kwindawo esemaphandleni kwisixeko saseEden	Imemorandam yesivumelwano	194	194
Stellenbosch AIDS Action (@Heart)	INkqubo yesifo sengculazi ejongene neengxaki zasekuhlaleni nezempilo emafama	Imemorandam yesivumelwano	162	162
Colours Academy	Ukuseka inkqubo yempilo ezinzileyo	Imemorandam yesivumelwano	200	200
Anna Foundation	Ukuncedisa izikolo nabahlali abangathathintweni	Imemorandam yesivumelwano	200	200
University of Stellenbosch	Ukuxhutyiswa ngemali kweProjekti yeAgrifutura ukunikezela ngolwazi kwabo benza izigqibo ngezolimo KwiiNkonzo zabucala, zikawonke-wonke, Nezizimeleyo/ ezingezo ezika rhulumente	Imemorandam yesivumelwano	100	100
University of Pretoria through its Bureau of Food and Agricultural Policy (BFAP)	Ukuxhobisa ngezakhono, ulwazi nokwazisa ngamalungelo abahlalali basezifama kwiKaroo eseMbindini	Imemorandam yesivumelwano	300	300
Goedgedacht Trust	Ukuxhutyiswa ngemali nokusasazwa kweziphumo zophando ngo2010/11, kunye nomdla wokusebenzisa isikim sokuvelisalinnyama Yegusha eKaroo	Imemorandam yesivumelwano	250	250
African Farmers Association of South Africa (AFASA)	Ukwenza ibhosi ebumbeneyo yamafama aseAfrika ekwaziyo ukuthintela imigaqo ngokukhankasa ize ilungele anafama ase Afrika	Imemorandam yesivumelwano	250	250
Klein Karoo Agri Business Centre	Iprojekti yokwenziwa kwemisebenzi kusenzelwa abahlali abangaphangeliyo nenkqubo yeziyobisi emaphandleni	Imemorandam yesivumelwano	250	250
Amafama enciniba	Ukubulawa/ukulahlwa kweenciniba	Ulawulo	15 114	15 114
Abangaqeshwanga licandelo	libhasari	Imemorandam yesivumelwano	2 724	2 724
Abasebenzi	Inzuzo yentsiku zekhefu	Ulawulo	605	605
Izithuthi zikarhulumente	Ukwandisa inani lezithuthi	Imemorandam yesivumelwano	992	992
Oomasipala	Iziqinisekiso zezituthu	Ulawulo	53	53

7. Ivumelwano Zoksueebnza neenkampani zabucala (PPP)

Akuzange kungenwe kwizivumelwano neenkampani zabucala kulo nyaka uphantsi kohlaziyo

8. Amalungiselelo olawulo lookopotyeni

Risk Management - Ngokuhambelana nePFMA (isigabasama 38-40) neMibikoye KING III kulawulo Lokopolotyeni Bakarhulumente, kubekwe umngcipheko njengesiseko esililithi ye lolawulo. Iziseko Zolawulo lomngcipheko kwiziseko Zikarhulumente ezikhutshwe Ngumnginimafa kwiPhondo zivumelana nemiqathango yolawulo olululo. Isiseko esihambelananyo sivela Kumthetho Wolawulo Lw mali Yoluntu kwaye siquka Imiqathango YeBatho Pele ejoliswe kwinjongo yokunikezela ngeenkonzozo zikaRhulumente. Abalawula umsebenzi (ubumanejala) lusabela lunik' iingxelo kwiGosa elongamele umsebenzi ukubumba, ukuseka kwanokunonophela inkqubo yolawulo lomngcipheko nokudityaniswa kwayo kwiintshukumo zosuku ngalunye zeSebe.

Ikomiti yorhwapphilizo neyolawulo lomngcipheko (The Fraud and Risk Management Committee (FARMCOM)) iyaqhubeka ukuxhasa iGosa elongameleyo ekwenzeni ngokufanelekileyo

ISEBE LWEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophela ngomhla ka 31 eKwindla 2012

kwamaxanduva alo nokunyanzelisa indlela ekuphiliswana ngayo emsebenzini nexhasa izihloko zobume solawulo soburhulumente nokupitiliza ulawulo ulawulo lomngcipheko nakuthintela urhwaphilizo, apho kunokumila iingcambu kuphuhle ekugqibeleni. Imisebenzi yekomiti ilawulwa ngomqulu ophunyeziweyo. Zombini iikomiti eyoMqulu neyoMthetho (Committee Charter and Risk Policy) beziphantsi kophengululo phakath' enyakeni.

Nanje ngoko bekunikwe ingxelo phakathi kunyaka mal' odlulileyo, ikomiti yandise ukumelwa kwayo ngokongezelelwa kwesetyana lophando nzulu kwanonxulumelwano kwezomsebenzi (Forensic Investigative and Labour Relations Unit) ezinze kwiSebe lweNkulumbuso (nanje ngenxalenye yenkonzo engqonge ezolawulo loburhulumente bePhondo lweNtshona Koloni which is settled within the Department of the Premier (Corporate Service Centre of the Provincial Government of the Western Cape).

ISebe luye lwaphumeza ukusekwa kwesicwangciso solawulo lomngcipheko nomyinge wokwenz' umsebenzi, ngokuthelekiswa nesicwangciso uyanonophelwa rhoqo kwisiqingatha sonyaka yiKomiti. Ukugocwagocwa ekucetyiweyo kwaphuculwa enyakeni kwaye namacebo olawulo ahlaziywa abunjwa kangangoko kufunekayo.

Ukuthintela Urhwaphilizo – Icandelo lthatah inxaxheba kwiinkqubo zokubethwa ikhwelo eziqhutywa liphondo ezikinezelwa yiYunithi Yophando LweForensi (FIU) kwicandelo leNkulumbuso. Uncedo lwabasebenzi ukubika nawuhi na umkhuba wenkohlakalo kukubakho kwefowuni yamahala apho kunokubikwa khona ngale ndlela yokuziphatha. Icandelo livume Umgaqo-nkqubo Wokuthintelwa oRhwaphilizo novavanyo lomngcipheko ozakwenziwa kuhqutywa uhlaziyo ngonyaka. Ukubika amatyala orhwaphilizo kuqhutyelwa kwindawo enye iFARMCOM.

Iziphumo zophando lweZempilo noRhwaphilizo elwenziwe kunyaka mali ka2010/11 luye laxelelwa iSebe phakathi enyakeni. Isebe liye lathabatha inxaxheba kuPhando lweZempilo noRhwaphilizo lwesibini phakathi enyakeni. Kulindeleke iziphumo zinikezwe iSebe kunyaka mali olandelayo.

Ulawulo lwangaphakathi – Ulawulo lwenza umbiko kwiGosa locwaningomanani ngokuyila, ukusebenza nokubeka iliso kwinkqubo yolawulo lomngcipheko (equka ulawulo lwangaphakathi), kwaye luhlanganisa imisebenzi yemihla yonke kwiCandelo. Ulawulo lwangaphakathi kwiCandels luphuhlisa lomelezwe ngokuvavanya izindululo nokuthatha amanyathelo okulungisa imiba efuna ukuphuculwa kokusebenza. Ulawulo lwendawo esingqongileyo lomelezwa kukusebenzisa isiseko sezithunywa.

Isimo sempatho nentlalo yoMbutho (Organisation Culture) – Isimo sempatho nentlalo sombuthu siphantsi kwezinto ezixatyiswa ngabasebenzi bephilisana ngazo kwindawo yokusebenza. Phakath' enyakeni iSebe luye lwathath' inxaxheba kuhlolo lwezimvo lwesibini ukulungelelanisa okulixabiso kwindlala ekuphiliswana ngayo kulo nasekuphuculweni kosasazo lweenkonzo. Iziphumo zadiza okulixabiso kubasebenzi, ngokwamava akutsha nje kwindlela ekuphiliswana ngayo kwiSebe ngalinye, naleyo inqwenelekayo. Ulwazi olufunyenwe kutsha nje nohlolo lwezimvo oluzayo lungasetyenziswa ekuphuculeni indlela yonxulumelwano kwiSebe ngokwezomsebenzi wangoku nezinye indlela zokusebenzisana.

Upheguluso-ncwadi lwangaphakathi kunye nekomiti yophengululo-ncwadi-Indimayomsebenzi wWophengululo Lwangaphakathi njengenika isiqinisekiso solawulo,

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophele ngomhla ka 31 eKwindla 2012

ulawulo lomngcipheko nenkqubo zolawulo ziphinde azcaciswa nguKING III. Ubume bophengululo-ncwadi obusekelwe kwinkqubela-phambili yemibiko echaza banzi ngophengululo ncwadi negxininise kuKING III.

Ngokuhambelana nePFMA neKING III uphengululo-ncwadi lwangaphakathi inika ikomiti yophengululo-ncwadi nabaphathi isithembiso izixhobo zophatha zangaphakathi Zanele kwaye ziyasebenza. Lento ifunyanwa ngokuthi kujongwe ungongcipheko lophangululo-ncwadi lwangaphakathi kunye Nezenzo Zophangululo Lwangaphakathi kujongwa ukusebenza/imfuneko yendlela zokuchaza ungongcipheko ne Komiti Yophengululo-ncwadi ijonge uzilungiso. ISebe lincediswa Yikomiti Yoqoqosho yophangululo-ncwadi

Imibiko yophengululo-ncwadi lwangaphakathi oluchaza indlela yokuthlekisa indlela yokusebenza nesicwangciso sophengululo ncwadi oluqhutywa kabini ngenyanga ukuvumela iqela lephulo kwicandelo. Iintlanagniso zophengululo lweencwadi zibanjwa qho ngekota. Icandelo lithatha inxaxheba kuvavanyo lwendlela eyiyo yokusebenza kweKomiti Yophengululo Ncwadi ngekota.

Ukungqubana komdla – ukungqubana komdlana kulawulwa ngokuthi amalungu achaze ngokubhaka phantsi imigudu anayo Abalawuli Abaphezulu Benkonzo. Ukusukela ngama-2006/07 kwandiswa izibhengezo zemali ezithe zandiswa ukuquka onke amalungu eBid Adjudication Committee, Specification Committee kune Nekomiti Yokuhlola Onke amalungu ekomiti anyanzeleka ukuba achaze umdla wemigudu yawo kwintlanganiso nganye. Abasebenzi abangabekwanga bayakhunjuzwa ukuba bachaze imigudu abanemidla kuyo xa kuyimfuneko. Ukusukela ngama-2007/08 izibhengezo zazifunyanwa kbalalwuli abazinikezelyo kuxanduva lwabo nakwabangaphezulu (nabani okwazi ukugunyazisa inkcitho) mayela nokukhutshelwa kweentlawulo zeqela.

Bonke abanikezela ngeenkonzo kwiCandelo kufuneka bazalise “ isibhengezo somdla” ngonyaka (WCBD 4) kunye ne“Siqinisekiso Sokuzimisela Ukusebenza Umntu engaxhomekekanga mntwini” (WCBD 9) kwintengiso zonke ezenziwe liCandelo ezingaphaya kwamaR2 000.

Indlela Yokuphatha – Bonke abasebenzi balindelwe ukuba bahambelane neNdelela Yokuziphatha Kwinkonzo Yoluntu. Injongo yeKhowudi kukukhokela abasebenzi koko kulindelekileyo kubo kwimba yokuziphath emsebenzini, ukuziphatha komntu nokuphatha abanye. Indlela Yokuziphatha kwinkonzo Yoluntu njengequkw kwimiqathango yenkonzo Yoluntu, Isahluko 2 yikhowudi “elungiselelweyo”. Indlela yokuziphatha Kwinkonzo yoluntu iqiniswak akhulu Ngabasebenza Ngolawulo Lwekhowudi Yokunikezela Ngemaphala okanye Ngomsebenzi. Ezi khowudi ziyinxalenye yeSicwangciso Sokuthintela Urhwaphilizo kwiCandelo zithunyelwe kwi-intranethi yeCandelo.

Impilo nokhuseleko- Icandelo linegosa leZempilo noKhuseleko onoxanduva lokubeka iliso kwezempilo, ukhuseleko nemiba yendawo esingqongileyo. Abamele ezokhuseleko baqeshwa kwiNkqubo nganye, nangona kunjalo, amandla omsebenzi ahlala engumcelimngeni. Ikomiti Yezempilo noKjhuseleko iyasebenza kwaye ihambelana nemiba yezalathiso. Ubume bezempilo nokhuseleko buthe “baphakanyiswa” kunye Negosa Lezempilo Nokhuseleko libika kulindexsha wekota iFARMCOM kunye nolawulo ngenyanga.

ISEBE LWEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
IVOTI 11

INGXELO YEZITETHIMENTI ZEMALI
Unyaka ophela ngomhla ka 31 eKwindla 2012

Umbono weCandelo uhambelana nokuzinikela ukukhathalelea indawo esingqongileyo (ivumelana nendalo). Uksuetyenziswa kwefomu zolawulo lweendawo ezisingqongileyo njengexalenye yeCandelo ukuqhuba umsebenzi.

